   b. Yithi, khumbula ukukhangela ukuba: Iziphumlisi zisetyenziselwa ukwahlula izinto kuludwe.
4. **Ukuba ixesha liyavuma, cela abafundi babelane ngemibhalo yabo.**
   a. Abafundi bangabelana ngemibhalo yabo neqabane.
   b. Abafundi abambalwa bangabelana nemibhalo yabo neklasi.

UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala: Sebenza namaQela 9 no10

IXESHA:
30 imizuzu

IZIXHOBO:
INcwadi yokuFunda enguNdoqo

Iincwadi zokuFunda ngokwa-Manqanaba (ezingani-kezwanga yiNHLRP)

1. **Lungiselela abafundi ukuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.**
   a. Qinisekisa abafundi bayalazi iqela labo lokufunda.
   b. Hlalisa abafundi ngababini neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo, iincwadi zokubhala neepensile.
   c. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 51.
2. **Hlola imisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yosuku nabafundi.**
   a. Khumbuza abafundi amabakwenze ukugqibezela umsebenzi ngamnye.
3. **Bizela iQela 9 kwindawo yakho yokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.**
   a. Hlalisa iqela neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo.
   b. Biza abafundi ngabanye bafunde izandi.
   c. Biza abafundi ngabanye bagqibezele imisebenzi yokudikhowuda.
   d. Biza umfundi ngamnye afunde amagama okanye isicatshulwa seveki edlulilleyo.
   e. Qaphela abafundi abadinga inkxaso.
   f. Qaphela izandi ezidinga ukuhlanganiswa.
4. **Ukusebenzisa iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba**
   a. Nika iqela iincwadi zokufunda ezifumanekayo. (ezamaBanga / ezamaNqanaba)
   b. Phulaphula umfundi ngamnye efunda encwadini ngokuvakalayo.
   c. Ukuba kungqamene nomgaqonkqubo wesikolo, nika abafundi iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba bagoduke nazo.
5. **Buyisela iQela 9 edesikeni yalo uze ubize iQela 10.**

Ekupheleni kosuku: Funda ngokuVakalayo

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
Izixhobo ezizezika-Titshala

- Sebenzisa izixhobo zakho: liNcwadi eziNkulu, iNgqokelela yamaBali, neeNcwadi zamabali zonke zifanelekile.
- Sebenzisa eli xesha ukubonisa ukufunda ngotyibiliko nangemvakalelo.
- Lo msebenzi unceda abafundi bakhulise uthando lwamabali nokufunda.
- Yakha kwanesigama sabo, ulwazi lwangaphambili nenkumbulo yokusebenza. Zonke ezi zizakhono ezibalulekileyo zengqiqo nokuqonda.

Ukuphulaphula nokuthetha: INtetho yeOrali

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
Abadingeki oovimba bolwazi

1. **Hlalisa abafundi bajonge abo afunda nabo besenza intetho yabo yeorali.**
2. **Khumbuza abafundi ngalo msebenzi ulandelayo: Wabelana ngeendaba zakho**
   a. Sichazele ukuba zingantoni iindaba zakho. Yithi:
      - Namhlanje ndiza kunichazela nge...
      - Emva koko, yabelana nabanye ngeendaba zakho.
      - Sichazele okwenzekileyo ngendlela echanekileyo yokulandelelana kweziganeko.
      - Sichazele amanqaku aphambili kwiindaba zakho.
      - Gqibezela ngokusichazela ukuba zikwenze waziva njani iindaba zakho.
3. **Khumbuza abafundi ngezi zakhono zokwenza intetho:**
   a. Xa usabelana ngeendaba zakho, khumbula oku:
      - Sichazele ukuba zingantoni iindaba zakho
      - Sichazele ukuba kwenzeke nini
      - Sichazele ukuba kwehlele bani oku
      - Biza izivakalisi zakho ngokuchanekileyo ngokulandelelana kwazo
      - Biza kube kanye – ungayiphindi into oyithethileyo
      - Thetha ngelizwi elivakalayo nelicacileyo
4. **Biza abafundi abakhethiweyo ngabanye ngexesha ukwenza intetho yabo.**
   a. Yakha ukuzithemba komfundi ngokumbulela ngentetho yakhe nangokumnika ingxelo eyakhayo.
   b. Ekupheleni kwesifundo, nika iklasi ingxelo ebanzi ukuphucula intetho yabo. Umzekelo: Ndibe nobunzima ukuva abanye benu. Ncedani nizame ukugcina ilizwi lenu livakala – sifuna ukuva into oyithethayo.

Izandi: Hlaziya zonke izandi ezifundiswe kwiKota 1

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
IKota 1
Amakhadi ezandi

INcwadi yokuFunda enguNdoqo

1. **Zinzisa abafundi emethini okanye phantsi, phambi kwakho.**
   a. Xelela abafundi baphulaphule amagama abo.
   b. Njengoko ubiza igama lomfundi, mabafunde isandi sekhadi lezandi oliphakamisileyo.
   c. Biza igama lomnye umfundi. Lo mfundi makabize igama eliqala okanye elisebenzisa isandi eso.
   d. Yenza oku ngokukhawuleza okukhulu. Yenze ivakale njengomdlalo owonwabisayo kodwa qaphela abafundi abatsala nzima.
   e. Ukuba umfundi wenza impazamo, yithi, ‘mamelisisa’, uze ubize isandi eso.
2. **Qhelanisa abafundi nemisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yangoMvulo.**
   a. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 53.
   b. Biza abafundi ngabanye bakuncedise wenze umzekelo womsebenzi ngamnye.
   c. Bonisa indlela yokugqibezela nawuphi na umsebenzi obhaliweyo ebhodini.

Qaphela: Xelela abafundi ukuba baza kwenza le misebenzi namaqabane abo ngexesha lokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.

Ukubhala ngesandla: Hlaziya bonke oonobumba abafundiswe kwiKota 1

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
INcwadi yoHlolo

1. **Lungiselela abafundi ukubhala ngesandla.**
   a. Yithi: Masifudumeze iminwe yethu ngokungcangcazelisa izandla zethu.
   b. Jonga uze ulungise indlela yokuhlala yabafundi kunye nendlela yokubamba ipensile.
2. **Yenza umzekelo wokwakhiwa kwabo bonke oonobumba abancinci abebefundiswe kwiKota 1.**
   a. Bhala unobumba ngamnye omncinci ebhodini.
   b. Njengoko ubhala, chaza indawo apho uqala khona, icala oya kulo kunye nalapho aphela khona unombumba ngamnye.
   c. Xelela abafundi babhale umqolo wenani ngalinye, beshiya isikhewu esingangomnwe phakathi kwenani ngalinye.
   d. Xelela abafundi baqinisekise ukuba banokwakha inani ngalinye ngokuchanekileyo.
3. **Jonga ukwakheka koonobumba abancinci babafundi.**
   a. Njengoko abafundi bebhala, hambahamba ujonga ukwakha kwabo oonobumba.
   b. Nika inkxaso apho idingekayo.
   c. Qaphela abafundi abatsala nzima ukwakha oonobumba ngokuchanekileyo.

UkuFunda noTitshala:

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
INgqokelela yamaBali, iphepha lentshayelelo 93

1. **Yazisa ibali.**
   a. Yithi: Kule veki siza kufunda ibali elisihloko sithi, *Undize*.
   b. Yithi: *USiviwe nabahlobo bakhe badlala umdlalo obizwa ngokuba ngu'ndize'. Kulo mdlalo, umntwana omnye kufuneka afumane iindawo abazimele kuzo bonke abanye abantwana. USiviwe uzimela kakuhle ngendlela eba ngumnqa kubahlobo bakhe. Kweli bali sifunda indlela osunjululwe ngayo lo mnqa ekugqibeleni.*
   c. Buza: Ikhona into oyaziyo malunga noku?
   d. Bonisa ngokufutshane abafundi imifanekiso esebalini.
2. **Yakha ulwazi lwemvelaphi lwabafundi.**
   a. Yabelana uze ucacise iinkcukacha ezinikiweyo ngemvelaphi ebalini.
   b. Bonisa abafundi apho ibali liqhubeka khona usebenzisa imephu yeNgqokelela yamaBali.
   c. Buza: Ingaba unemibuzo malunga neli bali?
3. **Cacisa indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda.**
   a. Yithi, kule veki siza kufunda indlela: Thatha izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo
   b. Cacisa le ndlela kubafundi.

UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala: Sebenza namaQela 1 no2

IXESHA:
30 imizuzu

IZIXHOBO:
INcwadi yokuFunda enguNdoqo

Iincwadi zokuFunda ngokwa-Manqanaba (ezingani-kezwanga yiNHLRP)

1. **Lungiselela abafundi ukuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.**
   a. Qinisekisa abafundi bayalazi iqela labo lokufunda.
   b. Hlalisa abafundi ngababini neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo, iincwadi zokubhala neepensile.
   c. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 53.
2. **Hlola imisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yosuku nabafundi.** Khumbuza abafundi amabakwenze ukugqibezela umsebenzi ngamnye.
3. **Bizela iQela 1 kwindawo yakho yokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.**
   a. Hlalisa iqela neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo.
   b. Biza abafundi ngabanye bafunde izandi.
   c. Biza abafundi ngabanye bagqibezele imisebenzi yokudikhowuda.
   d. Biza umfundi ngamnye afunde amagama okanye isicatshulwa seveki edlulilleyo.
   e. Qaphela abafundi abadinga inkxaso.
   f. Qaphela izandi ezidinga ukuhlanganiswa.
4. **Ukusebenzisa iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba**
   a. Nika iqela iincwadi zokufunda ezifumanekayo. (ezamaBanga / ezamaNqanaba)
   b. Phulaphula umfundi ngamnye efunda encwadini ngokuvakalayo.
   c. Ukuba kungqamene nomgaqonkqubo wesikolo, nika abafundi iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba bagoduke nazo.
5. **Buyisela iQela 1 edesikeni yalo uze ubize iQela 2.**

Ekupheleni kosuku: Funda ngokuVakalayo

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
Izixhobo ezizezika-Titshala

- Sebenzisa izixhobo zakho: liNcwadi eziNkulu, iNgqokelela yamaBali, neeNcwadi zamabali zonke zifanelekile.
- Sebenzisa eli xesha ukubonisa ukufunda ngotyibiliko nangemvakalelo.
- Lo msebenzi unceda abafundi bakhulise uthando lwamabali nokufunda.
- Yakha kwanesigama sabo, ulwazi lwangaphambili nenkumbulo yokusebenza. Zonke ezi zizakhono ezibalulekileyo zengqiqo nokuqonda.

Ukuphulaphula nokuthetha: Fundisa isigama

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
Oonotsheluza besigama, imifanekiso, izixhobo

INcwadi yokuFunda enguNdoqo

1. **Khumbuza abafundi ngomxholo.**
   a. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 44.
   b. Funda okanye ubize indawo yokutyetyiswa kolwimi kwakhona.
   c. Bonisa abafundi uluhlu lwesigama somxholo.
   d. Cacisa ukuba la magama aza kusinceda siqonde kwaye sithethe ngomxholo.
   e. Bafundele uluhlu lwamagama.
2. **Sebenzisa iYLXY ukufundisa isigama.**
   a. Fundisa esi sigama silandelayo:
      - *Zimela: Ukuya endaweni okanye ubeke into apho abanye bangenakuyibona.*
      - *Funa: Ukukhangela into okanye umntu olahlekileyo okanye ofihliweyo.*
      - *Ayibonakali: Ayikho apho ibifanele ukubakhona, idukile okaye ikude (njengento yokudlala ongayifumaniyo).*
      - *Ziqothe: Ukugoba amadolo akho uzisonge aze onke amalungu omzimba wakho asondelelane, intloko ijonge kuwo.*
3. **Sebenzisa indlela yobuchule iYLXY elungele igama ngalinye:**
   Y: Yalatha emfanekisweni okanye kwisixhobo sokwenyani
   L: Linganisa igama
   X: Xelela abafundi intsingiselo yegama
   Y: Yitsho igama kwisivakalisi

Izandi: Cwangcisa amagama ngokweentsapho zezandi

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
INcwadi yokuFunda enguNdoqo

1. **Bhala izandi ezisekuqaleni okanye esiphelweni samagama kwiikholam ebhodini njengoku kulandelayo:**

-olo	intla-	-lele	igqa-

   a. Fundela abafundi igama ngalinye 'losapho lwesandi'.
   b. Cela abafundi ngabanye bacinge ngegama losapho.
   c. Njengoko umfundi ebiza igama elo, mcele axele ukuba igama elo lelolluphi na usapho, uze ubhale igama elo kwikholam njengoku kulandelayo:

-olo	intla-	-lele	igqa-
ixolo iholo ilolo	intlama intlaganiso intlalo	lilele ulele balele	igqala igqabhukile igqa

   d. Ukuba umfundi wenza impazamo, mlungise.

2. **Qhelanisa abafundi nemisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yangoLwesibini.**
   a. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 54.
   b. Biza abafundi ngabanye bakuncedise wenze umzekelo womsebenzi ngamnye.
   c. Bonisa indlela yokugqibezela nawuphi na umsebenzi obhaliweyo ebhodini.

Qaphela: Xelela abafundi ukuba baza kwenza le misebenzi namaqabane abo ngexesha lokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.

Ukubhala ngesandla: Hlaziya bonke oonobumba abafundiswe kwiKota 1

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
INcwadi yoHlolo

1. **Lungiselela abafundi ukubhala ngesandla.**
   a. Yithi: Masifudumeze iminwe ngokujikelezisa izihlahla zenze izangqa ziye ngasekhohlo zibuye ziye ekunene.
   b. Jonga uze ulungise indlela yokuhlala yabafundi kunye nendlela yokubamba ipensile.
2. **Yenza umzekelo wokwakhiwa kwabo bonke oonobumba abakhulu abebefundiswe kwiKota 1.**
   a. Bhala unobumba ngamnye omkhulu ebhodini.
   b. Njengoko ubhala, chaza indawo apho uqala khona, icala oya kulo kunye nalapho aphela khona unombumba ngamnye.
   c. Xelela abafundi babhale umqolo wenani ngalinye, beshiya isikhewu esingangomnwe phakathi kwenani ngalinye.
   d. Xelela abafundi baqinisekise ukuba banokwakha inani ngalinye ngokuchanekileyo.
3. **Jonga ukwakheka koonobumba abakhulu babafundi.**
   a. Njengoko abafundi bebhala, hambahamba ujonga ukwakha kwabo oonobumba.
   b. Nika inkxaso apho idingekayo.
   c. Qaphela abafundi abatsala nzima ukwakha oonobumba ngokuchanekileyo.

UkuFunda noTitshala: Yenza uFundo lwangaphambili

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
INgqokelela yamaBali, iphepha 95

1. **Hlalisela abafundi uFundo lwangaPhambili.**
   a. Biza abafundi bahlale emethini okanye phantsi.
   b. Hlala phambi kwabafundi neNgqokelela yamaBali.
   c. Qinisekisa ukuba bonke abafundi bayayibona incwadi.
   d. Khumbuza abafundi ngendlela yokuziphatha oyilindeleyo ngexesha lokuFunda noTitshala, umz. ukwakha isathanga; ukubeka izandla emathangeni, ukuphulaphula ngononophelo, ukuphendula xa ebuzwa, ukuphakamisa isandla ukubuza umbuzo.
2. **Yenza uFundo lwangaPhambili ngoluhlobo:**
   a. Biza isihloko sebali: *Undize*
   b. Cacisa isakhono soqikelelo. Yithi: Xa sisenza uqikelelo, sisebenzisa isihloko kunye nemifanekiso ukuzama ukufumana ukuba ibali lingantoni na.
   c. Bonisa abafundi imifanekiso kwiphepha ngalinye.
   d. Buza: Ucinga ukuba kwenzeka ntoni apha?
   e. Buza: Ucinga ukuba le mifanekiso inxulumana njani?

UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala: Sebenza namaQela 3 no4

IXESHA:
30 imizuzu

IZIXHOBO:
INcwadi yokuFunda enguNdoqo

Iincwadi zokuFunda ngokwa-Manqanaba (ezingani-kezwanga yiNHLRP)

1. **Lungiselela abafundi ukuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.**
   a. Qinisekisa abafundi bayalazi iqela labo lokufunda.
   b. Hlalisa abafundi ngababini neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo, iincwadi zokubhala neepensile.
   c. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 54.
2. **Hlola imisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yosuku nabafundi.** Khumbuza abafundi amabakwenze ukugqibezela umsebenzi ngamnye.
3. **Bizela iQela 3 kwindawo yakho yokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.**
   a. Hlalisa iqela neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo.
   b. Biza abafundi ngabanye bafunde izandi.
   c. Biza abafundi ngabanye bagqibezele imisebenzi yokudikhowuda.
   d. Biza umfundi ngamnye afunde amagama okanye isicatshulwa seveki edlulilleyo.
   e. Qaphela abafundi abadinga inkxaso.
   f. Qaphela izandi ezidinga ukuhlanganiswa.
4. **Ukusebenzisa iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba**
   a. Nika iqela iincwadi zokufunda ezifumanekayo. (ezamaBanga / ezamaNqanaba)
   b. Phulaphula umfundi ngamnye efunda encwadini ngokuvakalayo.
   c. Ukuba kungqamene nomgaqonkqubo wesikolo, nika abafundi iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba bagoduke nazo.
5. **Buyisela iQela 3 edesikeni yalo uze ubize iQela 4.**

Ekupheleni kosuku: Funda ngokuVakalayo

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
Izixhobo ezizezika-Titshala

- Sebenzisa izixhobo zakho: IiNcwadi eziNkulu, iNgqokelela yamaBali, neeNcwadi zamabali zonke zifanelekile.
- Sebenzisa eli xesha ukubonisa ukufunda ngotyibiliko nangemvakalelo.
- Lo msebenzi unceda abafundi bakhulise uthando lwamabali nokufunda.
- Yakha kwanesigama sabo, ulwazi lwangaphambili nenkumbulo yokusebenza. Zonke ezi zizakhono ezibalulekileyo zengqiqo nokuqonda.

Ukuphulaphula nokuthetha: Ukubalisa amabali ngobuchule

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
INcwadi yokuFunda enguNdoqo

1. **Lungiselela abafundi ukubalisa amabali ngobuchule.**
   a. Cwangcisa abafundi ngokwamaqela amalungu ama4.
   b. Xelela abafundi bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 56.
2. **Khokela abafundi bajonge umfanekiso.**
   a. Buza: Ubona ntoni emfanekisweni?
3. **Xelela abafundi ukuba mabaqwebe ibali elifutshane malunga nomfanekiso.**
4. **Xelela abafundi indlela yokwakha ibali labo. Yithi:**
   a. Nika umlinganiswa ngamnye ebalini lakho igama.
   b. Xela apho ibali liqhubeka khona.
   c. Ibali lakho malibe nesiqalo, isiqu kunye nesiphelo.
   d. Lo mfanekiso ubonisa kuphela inxalenye yebali.
      - Lo mfanekiso usenokubonisa isiqalo sebali lakho.
      - Lo mfanekiso usenokubonisa isiqu sebali lakho.
      - Lo mfanekiso usenokubonisa isiphelo sebali lakho.
   e. Ungaqala ibali lakho ngokuthi:
      a. Ekugqibeleni ide yafika...
      b. ____ zange ndiyikholelwe...
5. **Yalela abafundi bagqibezele umsebenzi.**
   a. Nika abafundi imizuzu embalwa bacinge ngebali labo bethe cwaka.
   b. Emva koko, yalela abafundi batshintshiselane ukubalisa ibali labo kwiqela labo. Ungasebenzisa uswazi / ilitye lokuthetha ukwenza oku.
   c. Njengoko abafundi bethetha, hambahamba uze uphulaphule.
6. **Gqiba isifundo ngolu hlobo:**
   a. Biza umfundi abe mnye abelane ngebali lakhe neklasi okanye buza 1–2 yabafundi imibuzo ngamabali eqela labo.
      - Buza: Belingantoni ibali likaX?
      - Buza: Yintoni oyithandileyo ngebali likaX?
   b. Nika iklasi ingxelo ebanzi ukuphucula amabali abo. Umzekelo: Ngamanye amaxesha, ekuqaleni kwebali sixela apho ibali liqhubeka khona kwaye ngoobani na abalinganiswa. Kwixesha elizayo, zamani ukufaka olu lwazi emabalini enu.

Izandi: Lawula izandi kumagama

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
INcwadi yokuFunda enguNdoqo

1. **Yenza umzekelo wokulawulwa kwezandi kweli gama lilandelayo: tsala**
   a. Bhala eli gama ebhodini.
   b. Bonisa abafundi okwenzekayo ukuba ususa isandi u /ts/. Usele no: -ala
   c. Bonisa abafundi okwenzekayo ukuba wongeza isandi u /v/. Wenza igama elitsha: vala
2. **Biza abafundi abahlukileyo balawule amagama: ngoku, bhola**.
3. **Qhelanisa abafundi nemisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yangoLwesithathu.**
   a. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 55.
   b. Biza abafundi ngabanye bakuncedise wenze umzekelo womsebenzi ngamnye.
   c. Bonisa indlela yokugqibezela nawuphi na umsebenzi obhaliweyo ebhodini.

Qaphela: Xelela abafundi ukuba baza kwenza le misebenzi namaqabane abo ngexesha lokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.

Ukubhala ngesandla: Khuphela izivakalisi

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
INcwadi yoHlolo

1. **Lungiselela abafundi ukubhala ngesandla.**
   a. Yithi: Masifudumeze iminwe ngokujikelezisa izihlahla zenze izangqa ziye ngasekhohlo zibuye ziye ekunene.
   b. Jonga uze ulungise indlela yokuhlala yabafundi kunye nendlela yokubamba ipensile.
2. **Bhala ezi zivakalisi zilandelayo ebhodini:**
   - Utata urhabule wanika ubhuti.
   - Ubhuti urhabule wadlulisa kum.
   - Ndirhalela ukulisela ndiligqibe.

   a. Yalela abafundi bakhuphele izivakalisi kwiincwadi zabo zokubhala.
   b. Kufuneka bakhuphele ngokucocekileyo nangokuchanekileyo kangangoko banako.
3. **Jonga ubuchule babafundi bokukhuphela izivakalisi.**
   a. Njengoko abafundi bebhala, hambahamba uqaphela abafundi abatsala nzima:
      - Ukukhuphela izivakalisi ngokuchanekileyo
      - Ukwakha oonobumba namagama ngokuchanekileyo nangokucocekileyo
      - Ukugqiba izivakalisi ngexesha elimiselweyo

UkuFunda noTitshala: Yenza uFundo lokuQala

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
INgqokelela yamaBali, iphepha 95

1. **Lungiselela abafundi uFundo lokuQala.**
   a. Hlalisa abafundi emethini.
   b. Bakhumbuze ngendlela yokuziphatha elindelekileyo.
   c. Khumbuza abafundi ngesihloko sebali: *Undize*
   d. Yithi: *USiviwe nabahlobo bakhe badlala umdlalo obizwa ngokuba ngu'ndize'. Kulo mdlalo, umntwana omnye kufuneka afumane iindawo abazimele kuzo bonke abanye abantwana. USiviwe uzimela kakuhle ngendlela eba ngumnqa kubahlobo bakhe. Kweli bali sifunda indlela osunjululwe ngayo lo mnqa ekugqibeleni.*
   e. Buza: Ikhona into oyaziyo malunga noku?
2. **Yenza uFundo lwangaPhambili ngolu hlobo:**
   a. Funda iphepha ngalinye lebali ngokuvakalayo, ngotyibiliko nangokucacileyo.
   b. Bonisa abafundi imifanekiso.
   c. Apho kuyimfuneko, yima uze ucacise kubafundi.
   d. Yalatha isigama njengoko sibonakala.
   e. Ekupheleni kwebali, buza imibuzo yoFundo 1 ngolu hlobo:
      - Bhekisa Umbuzo 1 no2 kubafundi ngabanye.
      - Bhekisa Umbuzo 3 no4 kwiklasi yonke. Cela abafundi baxoxe ngombuzo neqabane.
      - Biza abafundi abambalwa babelane ngeempendulo.
   f. Khumbuza abafundi indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda.
      - Yithi, kule veki sifunda indlela yoku: Thatha izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo
      - Buza abafundi: Singaqikelela sithini ngokufanekileyo ngoku esingakuchazelwanga ngumbhali? Ungaqikelela ntoni ngeengcinga / iimvakalelo zomlinganiswa?

Ukubhala: Yenza umzekelo weGML nomsebenzi

IXESHA:
20 imizuzu

IZIXHOBO:
INcwadi yeDBE yemiSebenzi, kwiphepha 48

Isakhelo sokubhala:

Isilwanyana sam yi ____,____, ne ____.

Ithi...

Ungasi-qashela isilwanyana sam?

1. **Yazisa ukugxila kwiGML (imiGaqo neMimiselo yoLwimi).**
   a. Yithi: Kule veki siza kugxila kwi: Ukusebenzisa uphawu lombuzo ekupheleni kombuzo.
   b. Bhala isivakalisi ebhodini: Uyakuthanda na ukusombulula iminqa?
   c. Yalatha iGML: Umbuzo uphela ngophawu lombuzo.
2. **Yazisa umsebenzi wokubhala.**
   a. Yithi: Kule veki siza: Zoba umfanekiso uze ubhale izivakalisi ezithathu.
   b. Yithi: Siza kuzoba ze sibhale ngesihloko: Imikhondo ngesilwanyana, ngaphandle kokusichaza ukuba sesiphi. Emva koko, singafundela iqabane izivakalisi zethu ukuze liqashele ukuba sesiphi esi silwanyana.
3. **Cacisa impendulo yakho kumsebenzi wokubhala phambi kokuba ubhale.**
   a. Yithi: Ndicinga ngesilwanyana esi..., ..., nesi... Sithi...
4. **Yenza umzekelo womsebenzi ebhodini.**
   a. Zoba ngokukhawuleza umfanekiso obonakalisa: Umfanekiso wesilwanyana sakho.
   b. Bonisa abafundi indlela yokugqibezela isakhelo sokubhala.
   c. Yalatha iGML: Umbuzo uphela ngophawu lombuzo.

UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala: Sebenza namaQela 5 no6

IXESHA:
30 imizuzu

IZIXHOBO:
INcwadi yokuFunda enguNdoqo

Iincwadi zokuFunda ngokwa-Manqanaba (ezingani-kezwanga yiNHLRP)

1. **Lungiselela abafundi ukuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.**
   a. Qinisekisa abafundi bayalazi iqela labo lokufunda.
   b. Hlalisa abafundi ngababini neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo, iincwadi zokubhala neepensile.
   c. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 55.
2. **Hlola imisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yosuku nabafundi.** Khumbuza abafundi amabakwenze ukugqibezela umsebenzi ngamnye.
3. **Bizela iQela 5 kwindawo yakho yokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.**
   a. Hlalisa iqela neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo.
   b. Biza abafundi ngabanye bafunde izandi.
   c. Biza abafundi ngabanye bagqibezele imisebenzi yokudikhowuda.
   d. Biza umfundi ngamnye afunde amagama okanye isicatshulwa seveki edlulilleyo.
   e. Qaphela abafundi abadinga inkxaso.
   f. Qaphela izandi ezidinga ukuhlanganiswa.
4. **Ukusebenzisa iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba**
   a. Nika iqela iincwadi zokufunda ezifumanekayo. (ezamaBanga / ezamaNqanaba)
   b. Phulaphula umfundi ngamnye efunda encwadini ngokuvakalayo.
   c. Ukuba kungqamene nomgaqonkqubo wesikolo, nika abafundi iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba bagoduke nazo.
5. **Buyisela iQela 5 edesikeni yalo uze ubize iQela 6.**

Ekupheleni kosuku: Funda ngokuVakalayo

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
Izixhobo ezizezika-Titshala

- Sebenzisa izixhobo zakho: IiNcwadi eziNkulu, iNgqokelela yamaBali, neeNcwadi zamabali zonke zifanelekile.
- Sebenzisa eli xesha ukubonisa ukufunda ngotyibiliko nangemvakalelo.
- Lo msebenzi unceda abafundi bakhulise uthando lwamabali nokufunda.
- Yakha kwanesigama sabo, ulwazi lwangaphambili nenkumbulo yokusebenza. Zonke ezi zizakhono ezibalulekileyo zengqiqo nokuqonda.

Izandi: Lawula izandi kumagama

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
INcwadi yoHlolo

INcwadi yokuFunda enguNdoqo

1. **Xelela abafundi ukuba loo mini baza kusebenza neqabane ukulawula/ ukudlala ngamagama.**
   a. Bhala la mazwi alandelayo ebhodini: nyola, gqiba, idyasi
   b. Xelela abafundi bakhuphele amagama kwiincwadi zabo zokubhala, igama elinye kumqolo.
2. **Khumbuza abafundi ngendlela yokulawula izandi kumagama ngolu hlobo:**
   a. Funda igama lokuqala.
   b. Susa isandi sibe sinye.
   c. Yongeza esinye isandi.
   d. Bhala igama elitsha ecaleni kwegama elidala.
   e. Funda igama elitsha.
3. **Jonga ubuchule babafundi bokulawula amagama.**
   a. Hambahamba uqaphele njengoko abafundi bedlala ngamagama.
   b. Nika inkxaso apho idingekayo.
   c. Qaphela abafundi abatsala nzima ukwenza lo msebenzi.
4. **Qhelanisa abafundi nemisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yangoLwesine.**
   a. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 57.
   b. Biza abafundi ngabanye bakuncedise wenze umzekelo womsebenzi ngamnye.
   c. Bonisa indlela yokugqibezela nawuphi na umsebenzi obhaliweyo ebhodini.

Qaphela: Xelela abafundi ukuba baza kwenza le misebenzi namaqabane abo ngexesha lokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.

Ukubhala ngesandla: Khuphela izivakalisi

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
INcwadi yoHlolo

1. **Lungiselela abafundi ukubhala ngesandla.**
   a. Yithi: Masifudumeze iminwe yethu ngokucudisa izandla zenze amanqindi sibale ka5, ze siyekelele.
   b. Jonga uze ulungise indlela yokuhlala yabafundi kunye nendlela yokubamba ipensile.
2. **Bhala ezi zivakalisi zilandelayo ebhodini:**
   - Ushukume watsala icici lakhe.
   - Ulitsale lade laphuma.
   - Ushukumise ingalo wabuya wahlala.

   a. Yalela abafundi bakhuphele izivakalisi kwiincwadi zabo zokubhala.
   b. Kufuneka bakhuphele ngokucocekileyo nangokuchanekileyo kangangoko banako.
3. **Jonga ubuchule babafundi bokukhuphela izivakalisi.**
   a. Njengoko abafundi bebhala, hambahamba uqaphela abafundi abatsala nzima:
      - Ukukhuphela izivakalisi ngokuchanekileyo
      - Ukwakha oonobumba namagama ngokuchanekileyo nangokucocekileyo
      - Ukugqiba izivakalisi ngexesha elimiselweyo

UkuFunda noTitshala: Yenza uFundo lwesiBini

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
INgqokelela yamaBali, iphepha 95

1. **Lungiselela abafundi uFundo lwesiBini.**
   a. Hlalisa abafundi emethini.
   b. Bakhumbuze ngendlela yokuziphatha elindelekileyo.
   c. Khumbuza abafundi ngesihloko sebali: *Undize*
   d. Khumbuza abafundi indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda.
      - Yithi, kule veki sifunda indlela yoku: Thatha izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo
      - Yithi, khumbula sithethile ngale nto izolo, xa ndikubuza: Singaqikelela sithini ngokufanekileyo ngoku esingakuchazelwanga ngumbhali? Ungaqikelela ntoni ngeengcinga / iimvakalelo zomlinganiswa?
2. **Yenza uFundo lwesiBini ngolu hlobo:**
   a. Funda iphepha ngalinye lebali ngokuvakalayo, ngotyibiliko nangokucacileyo.
   b. Bonisa abafundi umfanekiso.
   c. Sebenzisa imizekelo ekwiphepha lentshayelelo ukwenza umzekelo wobuchule bengqiqo nokuqonda.
   d. Ekupheleni kwebali, buza imibuzo yoFundo 2 ngolu hlobo:
      - Bhekisa Umbuzo 1 no2 kubafundi ngabanye.
      - Bhekisa Umbuzo 3 no4 kwiklasi yonke. Cela abafundi baxoxe ngombuzo neqabane.
      - Biza abafundi abambalwa babelane ngeempendulo.

Ukubhala: Cwangisa uze uyile

IXESHA:
20 imizuzu

IZIXHOBO:
INcwadi yeDBE yemiSebenzi, kwiphepha 48

Isakhelo sokubhala:

Isilwanyana sam yi ____,____, ne ____.

Ithi...
Unga-siqashela isilwanyana sam?

1. **Yazisa kwakhona umsebenzi wokubhala.**
   a. Yithi: Khumbula ukuba kule veki siza kuzoba ze sibhale ngesihloko: Imikhondo ngesilwanyana, ngaphandle kokusichaza ukuba sesiphi. Emva koko, singafundela iqabane izivakalisi zethu ukuze liqashele ukuba sesiphi esi silwanyana.
2. **Yalela abafundi bacinge ngokubhala kwabo.**
   a. Yithi: Cimela uze ucinge ngendlela oza kuphendula ngayo isakhelo sokubhala.
   b. Yithi: Yabelana ngoluvo lwakho neqabane.
   c. Xoxa uze ubhale amagama aluncedo ebhodini, umz. sinoboya, sithambile, sinemigca, sinamachokoza, sikhulu, siyoyikeka, sinobungozi, sinobubele, sinombala omdaka, simhlophe, siyagquma, siyakhwina, sithi myawu, siyarhona, siyatswina njl.njl.
3. **Yalela abafundi bavule iphepha elichanekileyo kwiincwadi zabo zeDBE zemisebenzi.**
   a. Yithi: Ngoku, zoba uze ubhale ezakho iimbono.
   b. Khumbuza abafundi ngeGML: Umbuzo uphela ngophawu lombuzo.
4. **Hambahamba egumbini uncede abafundi ngabanye.**
   a. Cela abafundi bakuxelele ngeembono zabo.
   b. Nceda abafundi abasokolayo ukuqala umsebenzi wabo wokubhala.

UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala: Sebenza namaQela 7 no8

IXESHA:
30 imizuzu

IZIXHOBO:
INcwadi yokuFunda enguNdoqo

Iincwadi zokuFunda ngokwa-Manqanaba (ezingani-kezwanga yiNHLRP)

1. **Lungiselela abafundi ukuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.**
   a. Qinisekisa abafundi bayalazi iqela labo lokufunda.
   b. Hlalisa abafundi ngababini neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo, iincwadi zokubhala neepensile.
   c. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 57.
2. **Hlola imisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yosuku nabafundi.** Khumbuza abafundi amabakwenze ukugqibezela umsebenzi ngamnye.
3. **Bizela iQela 7 kwindawo yakho yokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.**
   a. Hlalisa iqela neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo.
   b. Biza abafundi ngabanye bafunde izandi.
   c. Biza abafundi ngabanye bagqibezele imisebenzi yokudikhowuda.
   d. Biza umfundi ngamnye afunde amagama okanye isicatshulwa seveki edlulilleyo.
   e. Qaphela abafundi abadinga inkxaso.
   f. Qaphela izandi ezidinga ukuhlanganiswa.
4. **Ukusebenzisa iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba**
   a. Nika iqela iincwadi zokufunda ezifumanekayo. (ezamaBanga / ezamaNqanaba)
   b. Phulaphula umfundi ngamnye efunda encwadini ngokuvakalayo.
   c. Ukuba kungqamene nomgaqonkqubo wesikolo, nika abafundi iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba bagoduke nazo.
5. **Buyisela iQela 7 edesikeni yalo uze ubize iQela 8.**

Ekupheleni kosuku: Funda ngokuVakalayo

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
Izixhobo ezizezika-Titshala

- Sebenzisa izixhobo zakho: IiNcwadi eziNkulu, iNgqokelela yamaBali, neeNcwadi zamabali zonke zifanelekile.
- Sebenzisa eli xesha ukubonisa ukufunda ngotyibiliko nangemvakalelo.
- Lo msebenzi unceda abafundi bakhulise uthando lwamabali nokufunda.
- Yakha kwanesigama sabo, ulwazi lwangaphambili nenkumbulo yokusebenza. Zonke ezi zizakhono ezibalulekileyo zengqiqo nokuqonda.

Ukuphulaphula nokuthetha: Xoxa ngebali eliFundwa noTitshala

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
Isicwangciso sengxoxo:

Uluvo oluphambili kweli bali ibi...

Ndithande umlinganiswa u... kuba...

Ndifunde ukuba...

Ndicinga ukuba ibiyinto elungileyo / enga-lunganga... kuba...

1. **Lungiselela abafundi ingxoxo yamaqela.**
   a. Cwangcisa abafundi ngokwamaqela amalungu ama4.
   b. Nika iqela ngalinye 'uswazi okanye ilityе lokuthetha'.
   c. Yithi: Ungathetha kuphela xa uphethe 'uswazi / ilitye lokuthetha'.
2. **Funda imibuzo yengxoxo.**
   a. Khumbuza abafundi ibali elifundwa notitshala laloo veki.
   b. Bhala isicwangciso sengxoxo ebhodini.
   c. Funda uze ucacise umbuzo ngamnye (isiqali sivakalisi).
   d. Xelela abafundi ukuba ilungu ngalinye leqela malibe nethuba lokuphendula umbuzo.
   e. Khuthaza abafundi bacinge ngeempendulo ezahlukileyo.
3. **Yalela abafundi baqale ingxoxo.**
   a. Yalela abafundi abaphethe 'uswazi / ilitye lokuthetha' ukuba mabaqale.
   b. Hambahamba unika inkxaso apho ifunekayo.
   c. Kwimizuzu embalwa yokugqibela, biza iqela lizokwabelana ngeempendulo zalo.
4. **Ukulungisa abafundi**
   a. Chonga 3–4 yabafundi abaza kwenza iNtetho yeOrali ngoMvulo.
   b. Xelela aba bafundi amabakulungiselele uMvulo. (Jonga isicwangciso sesifundo soPT sangoMvulo)

Izandi: Ubizelo

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
INcwadi yokuFunda enguNdoqo

1. **Zinzisa abafundi neencwadi zabo zokubhala, iipensile neerula.**
   a. Xelela abafundi babhale isihloko, 'Ubizelo' baze babhale amanani u1–5 kumda wephepha.
   b. Biza la magama mahlanu alandelayo ukuze abafundi bawabhale ecaleni kwamanani u1–5: inyoka, idyasi, gcobisa, gqitha, hlalisa
   c. Emva koko, xelela abafundi babhale phantsi isivakalisi osibizayo, besebenzisa iimpawu zobhalo ezichanelekileyo.
   d. Biza esi sivakalisi silandelayo. Siphinde ngokucothayo, kabini ukuba kuyimfuneko: Ubhuti unedyudyu yile mvula.
2. **Xelela abafundi basebenzise iipensile eziyimibala ukukorekisha umsebenzi wabo.**
   a. Bhala la magama mahlanu nesivakalisi ebhodini.
   b. Njengoko ubhala, biza igama ngalinye.
   c. Kwisivakalisi, yalatha iimpawu zobhalo ezisetyenzisiweyo.
   d. Xelela abafundi barhangqe iimpazamo zabo ngepensile enombala.
   e. Xelela abafundi babhale kwakhona iimpazamo zabo ngokuchanekileyo.
3. **Qaphela imingeni kunye nenkqubela phambili yabafundi.**
4. **Qhelanisa abafundi nemisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yangoLwesihlanu.**
   a. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 58.
   b. Funda itekisi ngokuvakalayo. Xelela abafundi balandele kwiincwadi zabo njengoko ufunda.
   c. Funda itekisi kwakhona, ngeli lixa, abafundi mabangenelele bafunde nawe.
   d. Yenza umzekelo wokugqibezela umsebenzi wengqiqo nokuqonda ebhodini.
   e. Yenza umzekelo wokugqibezela umsebenzi weMofoloji ebhodini.

Qaphela: Xelela abafundi ukuba baza kwenza le misebenzi namaqabane abo ngexesha lokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.

UkuFunda noTitshala: Yenza uFundo lwaMva

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
INgqokelela yamaBali, iphepha 95

1. **Lungiselela abafundi uFundo lwaMva.**
   a. Khumbuza abafundi ngesihloko sebali: *Undize.*
   b. Cacisa umsebenzi. Yithi: Namhlanje siza kuzoba ze sibhale ngeyona ndawo siyithandayo ebalini.
2. **Yenza umzekelo walo msebenzi njengoku kulandelayo:**
   a. Cimela wenze ngathi uyacinga.
   b. Vula amehlo akho uthi: Eyona ndawo ndiyithandayo kweli bali kuxa…
   c. Zama ungakhethi indawo ecace kumntu wonke njengomzekelo wakho.
   d. Zoba ngokukhawuleza umfanekiso ebhodini. Njengokuba uzoba cacisa le nto uyizobayo.
   e. Yongeza isivakalisi esi1–2 malunga nomzobo wakho: Ndiyithandile…
3. **Yalela abafundi bagqibezele umsebenzi.**
   a. Xelela abafundi bacimele baze bacinge ngeyona ndawo bayithandayo ebalini.
   b. Yithi: Cinga ngolwakho uluvs, u, musa ukukopa umzekelo wam.
   c. Okulandelayo, xelela abafundi bavule amehlo baze baxoxe ngeempendulo zabo neqabane.
   d. Emva koko, yalela abafundi ukuba bazobe le ndawo yebali kwiincwadi zabo zokubhala.
   e. Nceda abafundi bongeze isivakalisi esi1–2 kwimizobo yabo.
4. **Vumela abafundi babelane ngomsebenzi wabo.**
   a. Nika abafundi imizuzu embalwa yokubonisa umsebenzi wabo kwiqabane.
   b. Biza umfundi abelane ngomsebenzi wakhe neklasi.

Ukubhala: Yila uze uhlele

IXESHA:
20 imizuzu

IZIXHOBO:
INcwadi yeDBE yemiSebenzi, kwiphepha 48

Isakhelo sokubhala:

Isilwanyana sam yi ____,____, ne ____.

Ithi...

Ungasi-qashela isilwanyana sam?

1. **Khumbuza abafundi ngomsebenzi wokubhala.**
   a. Yithi: Namhlanje siza kugqibezela umsebenzi wethu wokubhala.
2. **Yazisa ukwahlula umsebenzi.**
   a. Hambahamba eklasini uze uncede abafundi abasokolayo.
   b. Nika abafundi abaphambili ngolwazi umyalelo owongezelelweyo: Yongeza iinkcukacha kumfanekiso wakho.
3. **Yalela abafundi bafunde baze bahlele umbhalo wabo.**
   a. Yithi: Ngoku lixesha lokuba nifunde ze nihlele imibhalo yenu.
   b. Yithi, khumbula ukukhangela ukuba: Isivakalisi siphela ngesingxi.
4. **Ukuba ixesha liyavuma, cela abafundi babelane ngemibhalo yabo.**
   a. Abafundi bangabelana ngemibhalo yabo neqabane.
   b. Abafundi abambalwa bangabelana nemibhalo yabo neklasi.

UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala: Sebenza namaQela 9 no10

IXESHA:
30 imizuzu

IZIXHOBO:
INcwadi yokuFunda enguNdoqo

Iincwadi zokuFunda ngokwa-Manqanaba (ezingani-kezwanga yiNHLRP)

1. **Lungiselela abafundi ukuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.**
   a. Qinisekisa abafundi bayalazi iqela labo lokufunda.
   b. Hlalisa abafundi ngababini neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo, iincwadi zokubhala neepensile.
   c. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 58.
2. **Hlola imisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yosuku nabafundi.** Khumbuza abafundi amabakwenze ukugqibezela umsebenzi ngamnye.
3. **Bizela iQela 9 kwindawo yakho yokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.**
   a. Hlalisa iqela neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo.
   b. Biza abafundi ngabanye bafunde izandi.
   c. Biza abafundi ngabanye bagqibezele imisebenzi yokudikhowuda.
   d. Biza umfundi ngamnye afunde amagama okanye isicatshulwa seveki edlulilleyo.
   e. Qaphela abafundi abadinga inkxaso.
   f. Qaphela izandi ezidinga ukuhlanganiswa.
4. **Ukusebenzisa iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba**
   a. Nika iqela iincwadi zokufunda ezifumanekayo. (ezamaBanga / ezamaNqanaba)
   b. Phulaphula umfundi ngamnye efunda encwadini ngokuvakalayo.
   c. Ukuba kungqamene nomgaqonkqubo wesikolo, nika abafundi iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba bagoduke nazo.
5. **Buyisela iQela 9 edesikeni yalo uze ubize iQela 10.**

Ekupheleni kosuku: Funda ngokuVakalayo

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
Izixhobo ezizezika-Titshala

- Sebenzisa izixhobo zakho: liNcwadi eziNkulu, iNgqokelela yamaBali, neeNcwadi zamabali zonke zifanelekile.
- Sebenzisa eli xesha ukubonisa ukufunda ngotyibiliko nangemvakalelo.
- Lo msebenzi unceda abafundi bakhulise uthando lwamabali nokufunda.
- Yakha kwanesigama sabo, ulwazi lwangaphambili nenkumbulo yokusebenza. Zonke ezi zizakhono ezibalulekileyo zengqiqo nokuqonda.

Ukuphulaphula nokuthetha: Dlala imidlalo yesigama: Linganisa okanye Zoba

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
Itshokhwe nebhodi

1. **Yenza uluhlu lwawo onke amagama esigama seKota 1 azizenzi okanye izibizo.**
2. **Xelela abafundi uza kuhlaziya amagama esigama abawafunde kule Kota.**
3. **Nika abafundi le miyalelo ilandelayo:**
   a. Siza kudlala u'Linganisa okanye Zoba'.
   b. Ndiza kukhetha umfundi 'oza kwenza'.
   c. Lo mfundi uza ngaphambili eklasini ndize ndisebeze endlebeni yakhe igama.
   d. Lo mfundi kufuneka alinganise igama OKANYE azobe umfanekiso wegama ebhodini.
   e. Abanye eklasini mabaphakamise izandla zabo ze baqikelele igama.
   f. Lo mfundi 'uzokwenza' ubiza umfundi aphendule.
   g. Umntu ophendule ngokuchanekileyo nguye oza kwenza. Uza ngaphambili ndize kusebeza igama kuye endlebeni.
4. **Biza umfundi wokuqala azokwenza uqale umdlalo.**

Izandi: Bhala iitekisi ezinokudikhowudwa

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
Abadingeki oovimba bolwazi

1. Bhala ebhodini iifonimi ezi5 ezifundwe okanye ezihlaziywe ngabafundi.
2. Cacisela abafundi ukuba baza kudlala umdlalo wezandi bazonwabise.
3. Bacacisele ukuba baza kubhala amagama, izivakalisi kanti ingalillo nebali besebenzisa ezo zandi KUPHELA.
4. Yenza isivakalisi esinye esifutshane njengomzekelo usibhale ebhodini (Okanye ubhale amagama ukuba awunakho ukubhala isivakalisi.)
5. Cela abafundi bajonge ukuba amagama okanye isivakalisi sakho sichanekile na:
   a. Ingaba siqala ngonobumba omkhulu?
   b. Ingaba siphela ngesingxi, uphawu lombuzo okanye uphawu lokhuzo?
   c. Ingaba usebenzise kuphela iifonimi ezi5 ezisebhodini?
6. Okulandelayo, nika abafundi imizuzu embalwa babhale amagama okanye isi/izivakalisi sabo/zabo.
7. Xelela abafundi batshintshiselane ngeencwadi omnye ajonge umsebenzi womnye.
8. Biza abafundi abanawona magama maninzi okanye ezona zivakalisi zininzi zichanekileyo, bafunde umsebenzi wabo ngokuvakalayo.
9. Njengokuba befunda, bhala amagama okanye izivakalisi ebhodini.
10. Jongisisa uqiniseke ukuba basebenzise ezi fonimi zi5 kuphela.
11. Ncoma bonke abafundi ngemizamo yabo.

Ukubhala ngesandla: Yenza umzekelo wendlela yokupapasha umbhalo wakho

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
Umzekelo kaTitshala: umsebenzi wokubhala

Sebenzisa eli xesha ukuze abafundi ukupapasha nokunikezela umbhalo wabo.

1. **Phambi kokuqala kwezifundo, lungisa ibhodi yakho ilungele esi sifundo.**
   a. Khetha umsebenzi wokubhala ube mnye kweyale kota. Zoba uze ubhale umzekelo wakho womsebenzi ebhodini.
   b. Quka impazamo kwiGML yekota, efana noku: Unobumba wokuqala wesivakalisi akangonobumba omkhulu.
2. **Yazisa ukupapasha kubafundi.**
   a. Yithi: Kule veki siza kupapasha inqaku lethu lokubhala ukusuka kule kota.
   b. Yithi: Xa sipapasha umbhalo wethu, siwulungiselela ukwabelana ngawo nabanye abantu. Sikhetha owona msebenzi wethu ungcono, siwenza ucoceke ubukeke kwaye ucace, size sabelane ngawo nabanye bawufunde bawonwabele.
   c. Khomba idrafti yakho esebhodini. Cacisa ukuba lo ngumsebenzi wobhalo owukhethele ukuwupapasha.
3. **Yenza umzekelo wokupapasha ebhodini.**
   a. Phinda uzobe uze ubhale umbhalo wakho ebhodini. Yenza oku ngokucocekileyo kwaye ubandakanye iinkcukacha ezithe chatha.
   b. Funda umbhalo wakho okwidrafti ngokuvakalayo.
   c. Khomba impazamo oyenzileyo kwiGML. Yithi: Ndenze impazamo. Unobumba wokuqala wesivakalisi akanguye unobumba omkhulu. Ndingakulungisa oku xa ndipapasha.
   d. Bhala isivakalisi kwakhona ngendlela ecocekileyo nebukekayo.
   e. Khomba iGML elungisiweyo: Unobumba wokuqala wesivakalisi ngunobumba omkhulu.

UkuFunda noTitshala: Yenza umzekelo wendlela yokupapasha umbhalo wakho

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
Umzekelo kaTitshala: umsebenzi wokubhala

Sebenzisa eli xesha ukuze abafundi ukupapasha nokunikezela umbhalo wabo.

Kuyaqhutywa kususelwa kwisifundo esidlulileyo.

UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala: Yenza uVavanyo lokuFunda ngokuVakalayo ngoTyibiliko

IXESHA:
30 imizuzu

IZIXHOBO:
INcwadi yokuFunda enguNdoqo

INcwadana yoHlolo

1. **Zinzisa abafundi neeNcwadi zabo zokuFunda ezinguNdoqo.**
   a. Xelela abafundi bavule iiNcwadi zabo zokuFunda ezinguNdoqo kwiphepha lokuqala.
   b. Xelela abafundi ukuba umntu makasebenze neqabane lakhe.
   c. Xelela abafundi bajonge ukuba bayakwazi na ukuzifunda zonke izandi.
   d. Xelela abafundi banikane amathuba okufunda kwakhona onke amagama neetekisi.
2. **Biza abafundi ngabanye ukuzokwenza iimvavanyo lokuFunda ngokuVakalayo ngoTyibiliko.**
   a. Sebenzisa iimvavanyo zeKota 1 zoFVT ezifakwe kwiNcwadana yoHlolo.
   b. Landela imiyalelo yovavanyo lokuFVT ekwiNcwadana yoHlolo.
   c. Rekhoda iziphumo zomfundi ngamnye.
   d. Sebenzisa ezi ziphumo ukuhlengahlengisa amaqela akho emigangatho elinganayo.
   e. Kwakhona, sebenzisa ezi ziphumo ukuqaphela imiba yokulungisa kwikota elandelayo.

Ekupheleni kosuku: Funda ngokuVakalayo

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
Izixhobo ezizezika-Titshala

- Sebenzisa izixhobo zakho: liNcwadi eziNkulu, iNgqokelela yamaBali, neeNcwadi zamabali zonke zifanelekile.
- Sebenzisa eli xesha ukubonisa ukufunda ngotyibiliko nangemvakalelo.
- Lo msebenzi unceda abafundi bakhulise uthando lwamabali nokufunda.
- Yakha kwanesigama sabo, ulwazi lwangaphambili nenkumbulo yokusebenza. Zonke ezi zizakhono ezibalulekileyo zengqiqo nokuqonda.

Ukuphulaphula nokuthetha: Dlala imidlalo yesigama: Linganisa okanye Zoba

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
Itshokhwe nebhodi

1. **Yenza uluhlu lwawo onke amagama esigama seKota 1 azizenzi okanye izibizo.**
2. **Xelela abafundi uza kuhlaziya amagama esigama abawafunde kule Kota.**
3. **Nika abafundi le miyalelo ilandelayo:**
   a. Siza kudlala u'Linganisa okanye Zoba'.
   b. Ndiza kukhetha umfundi 'oza kwenza'.
   c. Lo mfundi uza ngaphambili eklasini ndize ndisebeze endlebeni yakhe igama.
   d. Lo mfundi kufuneka alinganise igama OKANYE azobe umfanekiso wegama ebhodini.
   e. Abanye eklasini mabaphakamise izandla zabo ze baqikelele igama.
   f. Lo mfundi 'uzokwenza' ubiza umfundi aphendule.
   g. Umntu ophendule ngokuchanekileyo nguye oza kwenza. Uza ngaphambili ndize kusebeza igama kuye endlebeni.
4. **Biza umfundi wokuqala azokwenza uqale umdlalo.**

Izandi: Bhala iitekisi ezinokudikhowudwa

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
Abadingeki oovimba bolwazi

1. Bhala ebhodini iifonimi ezi6 ezifundwe okanye ezihlaziywe ngabafundi.
2. Cacisela abafundi ukuba baza kudlala umdlalo wezandi bazonwabise.
3. Bacacisele ukuba baza kubhala amagama, izivakalisi kanti ingalillo nebali besebenzisa ezo zandi KUPHELA.
4. Yenza isivakalisi esinye esifutshane njengomzekelo usibhale ebhodini (Okanye ubhale amagama ukuba awunakho ukubhala isivakalisi.)
5. Cela abafundi bajonge ukuba amagama okanye isivakalisi sakho sichanekile na:
   a. Ingaba siqala ngonobumba omkhulu?
   b. Ingaba siphela ngesingxi, uphawu lombuzo okanye uphawu lokhuzo?
   c. Ingaba usebenzise kuphela iifonimi ezi6 ezisebhodini?
6. Okulandelayo, nika abafundi imizuzu embalwa babhale amagama okanye isi/izivakalisi sabo/zabo.
7. Xelela abafundi batshintshiselane ngeencwadi omnye ajonge umsebenzi womnye.
8. Biza abafundi abanawona magama maninzi okanye ezona zivakalisi zininzi zichanekileyo, bafunde umsebenzi wabo ngokuvakalayo.
9. Njengokuba befunda, bhala amagama okanye izivakalisi ebhodini.
10. Jongisisa uqiniseke ukuba basebenzise ezi fonimi zi6 kuphela.
11. Ncoma bonke abafundi ngemizamo yabo.

Ukubhala ngesandla: Abafundi bacamngca baze bakhethe

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
Iincwadi zabafundi zokubhala

Amaphepha anguA4 azihambelayo

Sebenzisa eli xesha ukuze abafundi ukupapasha nokunikezela umbhalo wabo.

1. **Phambi kokuqala kwezifundo, lungisa idrafti epapashiweyo kwiphepha elizihambelayo.**
   a. Khuphela kwiphepha elizihambelayo umzobo nombhalo wakho opapashiweyo uzokubonisa abafundi.
   b. Qinisekisa ukuba uyayigcina idrafti yakho epapashiweyo uzokuyisebenzisa kwisifundo sokunikezela.
2. **Yalela abafundi bacingisise ngemibhalo yabo yekota.**
   a. Nika abafundi ixesha lokufunda umbhalo wabo wekota.
   b. Buza: Ngowuphi owona mbhalo wakho uwuthandileyo kule kota?
   c. Biza abafundi abambalwa babelane ngeyona mibhalo yabo bayithandileyo yekota.
3. **Yalela abafundi bakhethe umbhalo abaza kuwupapasha.**
   a. Buza: Ngowuphi umbhalo oza kuwupapasha uze wabelane ngawo kule kota?
   b. Nika abafundi ixesha lokukhetha umsebenzi wokubhala abaza kuwupapasha.
   c. Yalela abafundi baxelele iqabane ukuba ngowuphi umsebenzi wokubhala abaza kuwupapasha.
4. **Yalela abafundi bapapashe kwiphepha elizihambelayo, ukuze umsebenzi wabo uxhonywe.**
   a. Yithi: Xa sipapasha, asibhali ezincwadini zethu njengesiqhelo. Sibhala ephepheni elizihambelayo ukuze sabelane ngomsebenzi wethu ngokulula.
   b. Bonisa abafundi umzekelo wakho womsebenzi opapashiweyo ephepheni elizihambelayo.
   c. Nika abafundi amaphepha azihambelayo ulungiselele ukupapasha.
5. **Yalela abafundi ukuba baqalise ukupapasha.**
   a. Yithi: Qalisani ngoku ukupapasha umsebenzi wenu. Khumbulani ukuwenza ubukeke, ucoceke kwaye ucace, ukuze ulungele ukwabelana nabanye.

UkuFunda noTitshala: Abafundi bacamngca baze bakhethe

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
lincwadi zabafundi zokubhala

Amaphepha anguA4 azihambelayo

Sebenzisa eli xesha ukuze abafundi ukupapasha nokunikezela umbhalo wabo.

Kuyaqhutywa kususelwa kwisifundo esidlulileyo.

UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala: Yenza uVavanyo lokuFunda ngokuVakalayo ngoTyibiliko

IXESHA:
30 imizuzu

IZIXHOBO:
INcwadi yokuFunda enguNdoqo

INcwadana yoHlolo

1. **Zinzisa abafundi neeNcwadi zabo zokuFunda ezinguNdoqo.**
   a. Xelela abafundi bavule iiNcwadi zabo zokuFunda ezinguNdoqo kwiphepha lokuqala.
   b. Xelela abafundi ukuba umntu makasebenze neqabane lakhe.
   c. Xelela abafundi bajonge ukuba bayakwazi na ukuzifunda zonke izandi.
   d. Xelela abafundi banikane amathuba okufunda kwakhona onke amagama neetekisi.
2. **Biza abafundi ngabanye ukuzokwenza iimvavanyo lokuFunda ngokuVakalayo ngoTyibiliko.**
   a. Sebenzisa iimvavanyo zeKota 1 zoFVT ezifakwe kwiNcwadana yoHlolo.
   b. Landela imiyalelo yovavanyo lokuFVT ekwiNcwadana yoHlolo.
   c. Rekhoda iziphumo zomfundi ngamnye.
   d. Sebenzisa ezi ziphumo ukuhlengahlengisa amaqela akho emigangatho elinganayo.
   e. Kwakhona, sebenzisa ezi ziphumo ukuqaphela imiba yokulungisa kwikota elandelayo.

Ekupheleni kosuku: Funda ngokuVakalayo

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
Izixhobo ezizezika-Titshala

- Sebenzisa izixhobo zakho: liNcwadi eziNkulu, iNgqokelela yamaBali, neeNcwadi zamabali zonke zifanelekile.
- Sebenzisa eli xesha ukubonisa ukufunda ngotyibiliko nangemvakalelo.
- Lo msebenzi unceda abafundi bakhulise uthando lwamabali nokufunda.
- Yakha kwanesigama sabo, ulwazi lwangaphambili nenkumbulo yokusebenza. Zonke ezi zizakhono ezibalulekileyo zengqiqo nokuqonda.

Ukuphulaphula nokuthetha: Dlala imidlalo yesigama: Linganisa okanye Zoba

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
Itshokhwe nebhodi

1. **Yenza uluhlu lwawo onke amagama esigama seKota 1 azizenzi okanye izibizo.**
2. **Xelela abafundi uza kuhlaziya amagama esigama abawafunde kule Kota.**
3. **Nika abafundi le miyalelo ilandelayo:**
   a. Siza kudlala u'Linganisa okanye Zoba'.
   b. Ndiza kukhetha umfundi 'oza kwenza'.
   c. Lo mfundi uza ngaphambili eklasini ndize ndisebeze endlebeni yakhe igama.
   d. Lo mfundi kufuneka alinganise igama OKANYE azobe umfanekiso wegama ebhodini.
   e. Abanye eklasini mabaphakamise izandla zabo ze baqikelele igama.
   f. Lo mfundi 'uzokwenza' ubiza umfundi aphendule.
      - Namhlanje ndiza kunichazela nge...
      - I... (ubungakanani, umbala, ubunzima, ivakala njani xa uyiphatha, njl. njl.)
      - Isetyenziselwa...
      - Ndiyithanda kuba...
   c. Emva koko, buza iklasi: Ingaba ninemibuzo?
   d. Xa kukho umntu onombuzo, zama ukunika eyona mpendulo ingcono.
3. **Khumbuza abafundi ngezi zakhono zokwenza intetho:**
   a. Xa unikezela, khumbula oku:
      - Bamba isixhobo okanye umfanekiso wakho ngendlela ebonisa wonke umntu.
      - Biza izivakalisi zakho ngokuchanekileyo ngokulandelelana kwazo
      - Biza kube kanye – ungayiphindi into oyithethileyo
      - Thetha ngelizwi elivakalayo nelicacileyo
4. **Biza abafundi abakhethiweyo ngabanye ngexesha ukwenza intetho yabo.**
   a. Yakha ukuzithemba komfundi ngokumbulela ngentetho yakhe nangokumnika ingxelo eyakhayo.
   b. Ekupheleni kwesifundo, nika iklasi ingxelo ebanzi ukuphucula intetho yabo. Umzekelo: Ndibe nobunzima ukuva abanye benu. Ncedani nizame ukugcina ilizwi lenu livakala – sifuna ukuva into oyithethayo.

Izandi: Fundisa isandi esitsha, emva koko ucazulule uze uhlanganise

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
Ikhadi lesandi: tyh

INcwadi yokuFunda enguNdoqo

1. **Yazisa isandi esitsha:** *tyh*
   a. Biza isandi x3.
   b. Bonisa abafundi iKhadi lesandi uze ufunde isandi x3.
   c. Xelela abafundi baphulaphule baze baphinde isandi.
   d. Cela abafundi babize amagama aqala nge okanye asebenzisa eso sandi.
2. **Bonisa abafundi indlela yokucazulula nokuhlanganisa isandi.**
   a. Biza igama: ityholo
   b. Cela umfundi ngamnye aphulaphule ngononophelo aze acazulule igama elo libe zizandi: i-tyh-o-l-o
   c. Njengoko umfundi ebiza isandi ngasinye, libhale ebhodini.
   d. Okulandelayo, biza umfundi owahlukileyo ahlanganise izandi kunye ukufunda igama elo.
   e. Lungisa abafundi ukuba benza iimpazamo.
   f. Phinda ngegama: etyhafile
3. **Qhelanisa abafundi nemisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yangoMvulo.**
   a. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 87.
   b. Biza abafundi ngabanye bakuncedise wenze umzekelo womsebenzi ngamnye.
   c. Bonisa indlela yokugqibezela nawuphi na umsebenzi obhaliweyo ebhodini.

Qaphela: Xelela abafundi ukuba baza kwenza le misebenzi namaqabane abo ngexesha lokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.

Ukubhala ngesandla: Fundisa ukwakhiwa konobumba

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
Itshati yokubhala ngesandla

1. **Lungiselela abafundi ukubhala ngesandla.**
   a. Yithi: Masifudumeze iminwe ngokushwabanisa iphepha sibuye silolule.
   b. Jonga uze ulungise indlela yokuhlala yabafundi kunye nendlela yokubamba ipensile.
2. **Bonisa abafundi indlela yokubumba:** *tyh.*
   a. Bonisa abafundi ukubhala lo nobumba ebhodini.
   b. Njengoko ubhala, cacisa indawo oqala kuyo, icala oya ngakulo kunye nesiphelo sonobumba ngamnye.
   c. Okulandelayo, bhala umqolwana woonobumba, ubonisa indlela yokushiya isithuba esingangomnwe phakathi koonobumba.
   d. Phinda le nkqubo ubonisa indlela yokubhala: *Tyh.*
3. **Yalela abafundi babhale kwiincwadi zabo zokubhala.**
   a. Yalela abafundi babhale: umqolo wonobumba omncinci *tyh*
   b. Yalela abafundi babhale: umqolo wonobumba omkhulu *Tyh*
   c. Hambahamba ujonga umfundi ngamnye: ukwakhiwa konobumba nokushiywa kwesikhewu.

UkuFunda noTitshala: Yazisa ibali

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
INgqokelela yamaBali, iphepha lentshayelelo 157

1. **Yazisa ibali.**
   a. Yithi: Kule veki siza kufunda ibali elisihloko sithi, *UBuhle usebenzisa izikrini.*
   b. Yithi: *Eli bali lingentombi egama linguBuhle othanda ukusebenzisa ifowuni ukubukela iividiyo, ukudlala imidlalo nokuncokola. Imini yonke, usapho lwakhe lwenza izinto kunye, luncokola ngezaloo mini, ludlala phandle, kwaye lusenza neebhiskithi, kodwa uBuhle usebenzisa ifowuni imini yonke aze aphoswe. Ekupheleni kwebali, uBuhle ucinga ngezigqibo azithathileyo. Eli bali lisinceda sicinge ngexesha esilichitha kwizkrini endaweni yokulichitha nabantu.*
   c. Buza: Ikhona into oyaziyo malunga noku?
   d. Bonisa ngokufutshane abafundi imifanekiso esebalini.
2. **Yakha ulwazi lwemvelaphi lwabafundi.**
   a. Yabelana uze ucacise iinkcukacha ezinikiweyo ngemvelaphi ebalini.
   b. Bonisa abafundi apho ibali liqhubeka khona usebenzisa imephu yeNgqokelela yamaBali.
   c. Buza: Ingaba unemibuzo malunga neli bali?
3. **Cacisa indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda.**
   a. Yithi, kule veki siza kufunda indlela: Qwalasela ukuqonda.
   b. Cacisa le ndlela kubafundi.

UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala: Sebenza namaQela 1 no2

IXESHA:
30 imizuzu

IZIXHOBO:
INcwadi yokuFunda enguNdoqo

Iincwadi zokuFunda ngokwa-Manqanaba (ezingani-kezwanga yiNHLRP)

1. **Lungiselela abafundi ukuFunda ngokwamaQela aNcediswa nguTitshala.**
   a. Qinisekisa abafundi bayalazi iqela labo lokufunda.
   b. Hlalisa abafundi ngababini neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo, iincwadi zokubhala neepensile.
   c. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 87.
2. **Hlola imisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yosuku nabafundi.** Khumbuza abafundi amabakwenze ukugqibezela umsebenzi ngamnye.
3. **Bizela iQela 1 kwindawo yakho yokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.**
   a. Hlalisa iqela neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo.
   b. Biza abafundi ngabanye bafunde izandi.
   c. Biza abafundi ngabanye bagqibezele imisebenzi yokudikhowuda.
   d. Biza umfundi ngamnye afunde amagama okanye isicatshulwa seveki edlulilleyo.
   e. Qaphela abafundi abadinga inkxaso.
   f. Qaphela izandi ezidinga ukuhlanganiswa.
4. **Ukusebenzisa iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba**
   a. Nika iqela iincwadi zokufunda ezifumanekayo. (ezamaBanga / ezamaNqanaba)
   b. Phulaphula umfundi ngamnye efunda encwadini ngokuvakalayo.
   c. Ukuba kungqamene nomgaqonkqubo wesikolo, nika abafundi iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba bagoduke nazo.
5. **Buyisela iQela 1 edesikeni yalo uze ubize iQela 2.**

Ekupheleni kosuku: Funda ngokuVakalayo

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
Izixhobo ezizezi-kaTitshala

- Sebenzisa izixhobo zakho: IiNcwadi eziNkulu, iNgqokelela yamaBali, neeNcwadi zamabali zonke zifanelekile.
- Sebenzisa eli xesha ukubonisa ukufunda ngotyibiliko nangemvakalelo.
- Lo msebenzi unceda abafundi bakhulise uthando lwamabali nokufunda.
- Yakha kwanesigama sabo, ulwazi lwangaphambili nenkumbulo yokusebenza. Zonke ezi zizakhono ezibalulekileyo zengqiqo nokuqonda.

Ukuphulaphula nokuthetha: Fundisa isigama

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
Oonotsheluza besigama, imifanekiso, izixhobo

INcwadi yokuFunda enguNdoqo

1. **Khumbuza abafundi ngomxholo.**
   a. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 78.
   b. Funda okanye ubize indawo yokutyetyiswa kolwimi kwakhona.
   c. Bonisa abafundi uluhlu lwesigama somxholo.
   d. Cacisa ukuba la magama aza kusinceda siqonde kwaye sithethe ngomxholo.
   e. Bafundele uluhlu lwamagama.
2. **Sebenzisa iYLXY ukufundisa isigama.**
   a. Fundisa esi sigama silandelayo:
      - *iskrini: Le ndawo isicaba ingumphambili efowunini, ikhompyutha okanye umabonakude apho ubona khona imifanekiso namagama.*
      - *ntshoo: Ujonge into ixesha elide ngaphandle kokususa amehlo kuyo.*
      - *ukungenelela: Ukuthatha inxaxheba entweni kunye nabanye.*
      - *umzuzu: I*xeshana elibalulekileyo okanye elinentsingiselo.
3. **Sebenzisa indlela yobuchule iYLXY elungele igama ngalinye:**
   Y: Yalatha emfanekisweni okanye kwisixhobo sokwenyani
   L: Linganisa igama
   X: Xelela abafundi intsingiselo yegama
   Y: Yitsho igama kwisivakalisi

Izandi: Yazisa amaqabane amatsha ahlanganisiweyo

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:

INcwadi yokuFunda enguNdoqo

1. **Yazisa isandi esitsha esihlanganisiweyo:** *tyhw*
   a. Bhala iifonimi ngazinye ebhodini uze uzifunde nganye.
   b. Okulandelayo, cela umfundi ahlanganise izandi ezo kunye.
   c. Cela abafundi babize amagama aqala nge okanye esisebenzisa esi sandi sihlanganisiweyo.
2. **Bonisa abafundi indlela yokucazulula nokuhlanganisa baze bahlanganise amagama abandakanya isandi.**
   a. Biza igama: isityhwentywe
   b. Cela umfundi ngamnye aphulaphule ngononophelo aze acazulule igama elo libe zizandi: i-s-i-tyh-w-e-n-ty-w-e
   c. Njengoko umfundi ebiza isandi ngasinye, libhale ebhodini.
   d. Okulandelayo, biza umfundi owahlukileyo ahlanganise izandi kunye ukufunda igama elo.
   e. Lungisa abafundi ukuba benza iimpazamo.
   f. Phinda ngegama: etyhwatyhwa
3. **Qhelanisa abafundi nemisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yangoLwesibini.**
   a. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 88.
   b. Biza abafundi ngabanye bakuncedise wenze umzekelo womsebenzi ngamnye.
   c. Bonisa indlela yokugqibezela nawuphi na umsebenzi obhaliweyo ebhodini.

Qaphela: Xelela abafundi ukuba baza kwenza le misebenzi namaqabane abo ngexesha lokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.

Ukubhala ngesandla: Khuphela amagama

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
Itshati yokubhala ngesandla

1. **Lungiselela abafundi ukubhala ngesandla.**
   a. Yithi: Masifudumeze iminwe yethu ngokungcangcazelisa izandla zethu.
   b. Jonga uze ulungise indlela yokuhlala yabafundi kunye nendlela yokubamba ipensile.
2. **Yenza umzekelo wokubhala:** *tyhala, engatyhilekanga*
   a. Bonisa abafundi indlela yokubhalwa kwamagama ebhodini.
   b. Njengoko ubhala, cacisa indawo oqala kuyo, icala oya ngakulo kunye nesiphelo sonobumba ngamnye.
3. **Yalela abafundi bakhuphele amagama kwiincwadi zabo zokubhala.**
   a. Hambahamba ujonga umfundi ngamnye: ukwakhiwa konobumba nokushiywa kwesikhewu.

UkuFunda noTitshala: Yenza uFundo lwangaphambili

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
INgqokelela yamaBali, iphepha 159

1. **Hlalisela abafundi uFundo lwangaPhambili.**
   a. Biza abafundi bahlale emethini okanye phantsi.
   b. Hlala phambi kwabafundi neNgqokelela yamaBali.
   c. Qinisekisa ukuba bonke abafundi bayayibona incwadi.
   d. Khumbuza abafundi ngendlela yokuziphatha oyilindeleyo ngexesha lokuFunda noTitshala, umz. ukwakha isathanga; ukubeka izandla emathangeni, ukuphulaphula ngononophelo, ukuphendula xa ebuzwa, ukuphakamisa isandla ukubuza umbuzo.
2. **Yenza uFundo lwangaPhambili ngoluhlobo:**
   a. Biza isihloko sebali: *UBuhle usebenzisa izikrini*
   b. Cacisa isakhono soqikelelo. Yithi: Xa sisenza uqikelelo, sisebenzisa isihloko kunye nemifanekiso ukuzama ukufumana ukuba ibali lingantoni na.
   c. Bonisa abafundi imifanekiso kwiphepha ngalinye.
   d. Buza: Ucinga ukuba kwenzeka ntoni apha?
   e. Buza: Ucinga ukuba le mifanekiso inxulumana njani?

UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala: Sebenza namaQela 3 no4

IXESHA:
30 imizuzu

IZIXHOBO:
INcwadi yokuFunda enguNdoqo

Iincwadi zokuFunda ngokwa-Manqanaba (ezingani-kezwanga yiNHLRP)

1. **Lungiselela abafundi ukuFunda ngokwamaQela aNcediswa nguTitshala.**
   a. Qinisekisa abafundi bayalazi iqela labo lokufunda.
   b. Hlalisa abafundi ngababini neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo, iincwadi zokubhala neepensile.
   c. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 88.
2. **Hlola imisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yosuku nabafundi.** Khumbuza abafundi amabakwenze ukugqibezela umsebenzi ngamnye.
3. **Bizela iQela 3 kwindawo yakho yokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.**
   a. Hlalisa iqela neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo.
   b. Biza abafundi ngabanye bafunde izandi.
   c. Biza abafundi ngabanye bagqibezele imisebenzi yokudikhowuda.
   d. Biza umfundi ngamnye afunde amagama okanye isicatshulwa seveki edlulilleyo.
   e. Qaphela abafundi abadinga inkxaso.
   f. Qaphela izandi ezidinga ukuhlanganiswa.
4. **Ukusebenzisa iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba**
   a. Nika iqela iincwadi zokufunda ezifumanekayo. (ezamaBanga / ezamaNqanaba)
   b. Phulaphula umfundi ngamnye efunda encwadini ngokuvakalayo.
   c. Ukuba kungqamene nomgaqonkqubo wesikolo, nika abafundi iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba bagoduke nazo.
5. **Buyisela iQela 3 edesikeni yalo uze ubize iQela 4.**

Ekupheleni kosuku: Funda ngokuVakalayo

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
Izixhobo ezizezi-kaTitshala

- Sebenzisa izixhobo zakho: IiNcwadi eziNkulu, iNgqokelela yamaBali, neeNcwadi zamabali zonke zifanelekile.
- Sebenzisa eli xesha ukubonisa ukufunda ngotyibiliko nangemvakalelo.
- Lo msebenzi unceda abafundi bakhulise uthando lwamabali nokufunda.
- Yakha kwanesigama sabo, ulwazi lwangaphambili nenkumbulo yokusebenza. Zonke ezi zizakhono ezibalulekileyo zengqiqo nokuqonda.

Ukuphulaphula nokuthetha: Ukubalisa amabali ngobuchule

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
INcwadi yokuFunda enguNdoqo

1. **Lungiselela abafundi ukubalisa amabali ngobuchule.**
   a. Cwangcisa abafundi ngokwamaqela amalungu ama4.
   b. Xelela abafundi bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 89.
2. **Khokela abafundi bajonge umfanekiso.**
   a. Buza: Ubona ntoni emfanekisweni?
3. **Xelela abafundi ukuba mabaqwebe ibali elifutshane malunga nomfanekiso.**
4. **Xelela abafundi indlela yokwakha ibali labo. Yithi:**
   a. Nika umlinganiswa ngamnye ebalini lakho igama.
   b. Xela apho ibali liqhubeka khona.
   c. Ibali lakho malibe nesiqalo, isiqu kunye nesiphelo.
   d. Lo mfanekiso ubonisa kuphela inxalenye yebali.
      - Lo mfanekiso usenokubonisa isiqalo sebali lakho.
      - Lo mfanekiso usenokubonisa isiqu sebali lakho.
      - Lo mfanekiso usenokubonisa isiphelo sebali lakho.
   e. Ungaqala ibali lakho ngokuthi:
      - ____ no ____ babejonge efowunini xa ngequbuliso...
      - Konke kwaqala xa...
5. **Yalela abafundi bagqibezele umsebenzi.**
   a. Nika abafundi imizuzu embalwa bacinge ngebali labo bethe cwaka.
   b. Emva koko, yalela abafundi batshintshiselane ukubalisa ibali labo kwiqela labo. Ungasebenzisa 'uswazi / ilityе lokuthetha' ukwenza oku.
   c. Njengoko abafundi bethetha, hambahamba uze uphulaphule.
6. **Gqiba isifundo ngolu hlobo:**
   a. Biza umfundi abe mnye abelane ngebali lakhe neklasi okanye buza 1–2 yabafundi imibuzo ngamabali eqela labo.
      - Buza: Belingantoni ibali likaX?
      - Buza: Yintoni oyithandileyo ngebali likaX?
   b. Nika iklasi ingxelo ebanzi ukuphucula amabali abo.
      Umzekelo: Ngamanye amaxesha, ekuqaleni kwebali sixela apho ibali liqhubeka khona kwaye ngoobani na abalinganiswa. Kwixesha elizayo, zamani ukufaka olu lwazi emabalini enu.

Izandi: Fundisa isandi esitsha, emva koko ucazulule uze uhlanganise

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
Ikhadi lesandi: ths

INcwadi yokuFunda enguNdoqo

1. **Yazisa isandi esitsha:** *ths*
   a. Biza isandi x3.
   b. Bonisa abafundi iKhadi lesandi uze ufunde isandi x3.
   c. Xelela abafundi baphulaphule baze baphinde isandi.
   d. Cela abafundi babize amagama aqala nge okanye asebenzisa eso sandi.
2. **Bonisa abafundi indlela yokucazulula nokuhlanganisa isandi.**
   a. Biza igama: isithsaba.
   b. Cela umfundi ngamnye aphulaphule ngononophelo aze acazulule igama elo libe zizandi: i-s-i-ths-a-b-a
   c. Njengoko umfundi ebiza isandi ngasinye, libhale ebhodini.
   d. Okulandelayo, biza umfundi owahlukileyo ahlanganise izandi kunye ukufunda igama elo.
   e. Lungisa abafundi ukuba benza iimpazamo.
   f. Phinda ngegama: ngesithsaba
3. **Qhelanisa abafundi nemisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yangoLwesithathu.**
   a. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 90.
   b. Biza abafundi ngabanye bakuncedise wenze umzekelo womsebenzi ngamnye.
   c. Bonisa indlela yokugqibezela nawuphi na umsebenzi obhaliweyo ebhodini.

Qaphela: Xelela abafundi ukuba baza kwenza le misebenzi namaqabane abo ngexesha lokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.

Ukubhala ngesandla: Fundisa ukwakhiwa konobumba

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
Itshati yokubhala ngesandla

1. **Lungiselela abafundi ukubhala ngesandla.**
   a. Yithi: Masifudumeze iminwe ngokushwabanisa iphepha sibuye silolule.
   b. Jonga uze ulungise indlela yokuhlala yabafundi kunye nendlela yokubamba ipensile.
2. **Bonisa abafundi indlela yokubumba:** *ths.*
   a. Bonisa abafundi ukubhala lo nobumba ebhodini.
   b. Njengoko ubhala, cacisa indawo oqala kuyo, icala oya ngakulo kunye nesiphelo sonobumba ngamnye.
   c. Okulandelayo, bhala umqolwana woonobumba, ubonisa indlela yokushiya isithuba esingangomnwe phakathi koonobumba.
   d. Phinda le nkqubo ubonisa indlela yokubhala: *Ths.*
3. **Yalela abafundi babhale kwiincwadi zabo zokubhala.**
   a. Yalela abafundi babhale: umqolo wonobumba omncinci *ths*
   b. Yalela abafundi babhale: umqolo wonobumba omkhulu *Ths*
   c. Hambahamba ujonga umfundi ngamnye: ukwakhiwa konobumba nokushiywa kwesikhewu.

UkuFunda noTitshala: Yenza uFundo lokuQala

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
INgqokelela yamaBali, iphepha 159

1. **Lungiselela abafundi uFundo lokuQala.**
   a. Hlalisa abafundi emethini.
   b. Bakhumbuze ngendlela yokuziphatha elindelekileyo.
   c. Khumbuza abafundi ngesihloko sebali: *UBuhle usebenzisa izikrini*
   d. Yithi: *Eli bali lingentombi egama linguBuhle othanda ukusebenzisa ifowuni ukubukela iividiyo, ukudlala imidlalo nokuncokola. Imini yonke, usapho lwakhe lwenza izinto kunye, luncokola ngezaloo mini, ludlala phandle, kwaye lusenza neebhiskithi, kodwa uBuhle usebenzisa ifowuni imini yonke aze aphoswe. Ekupheleni kwebali, uBuhle ucinga ngezigqibo azithathileyo. Eli bali lisinceda sicinge ngexesha esilichitha kwizkrini endaweni yokulichitha nabantu.*
   e. Buza: Ikhona into oyaziyo malunga noku?

2. **Yenza uFundo lwangaPhambili ngolu hlobo:**
   a. Funda iphepha ngalinye lebali ngokuvakalayo, ngotyibiliko nangokucacileyo.
   b. Bonisa abafundi imifanekiso.
   c. Apho kuyimfuneko, yima uze ucacise kubafundi.
   d. Yalatha isigama njengoko sibonakala.
   e. Ekupheleni kwebali, buza imibuzo yoFundo 1 ngolu hlobo:
      - Bhekisa Umbuzo 1 no2 kubafundi ngabanye.
      - Bhekisa Umbuzo 3 no4 kwiklasi yonke. Cela abafundi baxoxe ngombuzo neqabane.
      - Biza abafundi abambalwa babelane ngeempendulo.
   f. Khumbuza abafundi indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda.
      - Yithi, kule veki sifunda indlela yoku: Qwalasela ukuqonda.
      - Buza abafundi: Wakhe waziva ngathi ulahlekile xa ufunda ibali kuba ulahlekwe ngumkhondo wento eqhubekayo? Kwakwenza waziva njani oku?

Ukubhala: Yenza umzekelo weGML nomsebenzi

IXESHA:
20 imizuzu

IZIXHOBO:
KwiNcwadi yemiSebenzi yeDBE iphepha: 88

Isakhelo sokubhala:

____ endim-thandayo

Ndiye elwandle no...

Elwandle, ndi...

Ndabona / fumana...

Ndaziva...

Ndaluthanda / andizange ndiluthande ulwandle kuba...

1. **Yazisa ukugxila kwiGML (imiGaqo neMimiselo yoLwimi).**
   a. Yithi: Kule veki siza kugxila kwi: Ukuqinisekisa ukuba igama lokwenza (isenzi) lihambelana nomntu owenzayo (umenzi).
   b. Bhala isivakalisi ebhodini: Ndiziva ndonwabile. Uziva ekhathazekile.
   c. Yalatha iGML: Igama lokwenza (isenzi) livumelana nomenzi (umenzi).
2. **Yazisa umsebenzi wokubhala.**
   a. Yithi: Kule veki siza: Bhala ileta enezivakalisi ezi-5 ubuncinane kumhlobo.
   b. Yithi: Siza kuzoba ze sibhale ngesihloko: Yenza ngathi wawuye elwandle. Bhala ikhadi uxelele umhlobo wakho ngento owayibonayo elwandle.
3. **Cacisa impendulo yakho kumsebenzi wokubhala phambi kokuba ubhale.**
   a. Yithi: Xa ndandiselwandle, ndabona....
4. **Yenza umzekelo womsebenzi ebhodini.**
   a. Bonisa abafundi indlela yokugqibezela isakhelo sokubhala.
   b. Yalatha iGML: Igama lokwenza (isenzi) livumelana nomenzi (umenzi).

UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala: Sebenza namaQela 5 no6

IXESHA:
30 imizuzu

IZIXHOBO:
INcwadi yokuFunda enguNdoqo

Iincwadi zokuFunda ngokwa-Manqanaba (ezingani-kezwanga yiNHLRP)

1. **Lungiselela abafundi ukuFunda ngokwamaQela aNcediswa nguTitshala.**
   a. Qinisekisa abafundi bayalazi iqela labo lokufunda.
   b. Hlalisa abafundi ngababini neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo, iincwadi zokubhala neepensile.
   c. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 90.
2. **Hlola imisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yosuku nabafundi.** Khumbuza abafundi amabakwenze ukugqibezela umsebenzi ngamnye.
3. **Bizela iQela 5 kwindawo yakho yokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.**
   a. Hlalisa iqela neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo.
   b. Biza abafundi ngabanye bafunde izandi.
   c. Biza abafundi ngabanye bagqibezele imisebenzi yokudikhowuda.
   d. Biza umfundi ngamnye afunde amagama okanye isicatshulwa seveki edlulilleyo.
   e. Qaphela abafundi abadinga inkxaso.
   f. Qaphela izandi ezidinga ukuhlanganiswa.
4. **Ukusebenzisa iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba**
   a. Nika iqela iincwadi zokufunda ezifumanekayo. (ezamaBanga / ezamaNqanaba)
   b. Phulaphula umfundi ngamnye efunda encwadini ngokuvakalayo.
   c. Ukuba kungqamene nomgaqonkqubo wesikolo, nika abafundi iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba bagoduke nazo.
5. **Buyisela iQela 5 edesikeni yalo uze ubize iQela 6.**

Ekupheleni kosuku: Funda ngokuVakalayo

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
Izixhobo ezizezi-kaTitshala

- Sebenzisa izixhobo zakho: IiNcwadi eziNkulu, iNgqokelela yamaBali, neeNcwadi zamabali zonke zifanelekile.
- Sebenzisa eli xesha ukubonisa ukufunda ngotyibiliko nangemvakalelo.
- Lo msebenzi unceda abafundi bakhulise uthando lwamabali nokufunda.
- Yakha kwanesigama sabo, ulwazi lwangaphambili nenkumbulo yokusebenza. Zonke ezi zizakhono ezibalulekileyo zengqiqo nokuqonda.

Izandi: Yazisa amaqabane amatsha ahlanganisiweyo

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:

INcwadi yokuFunda enguNdoqo

1. **Yazisa isandi esitsha esihlanganisiweyo:** *tsw*
   a. Bhala iifonimi ngazinye ebhodini uze uzifunde nganye.
   b. Okulandelayo, cela umfundi ahlanganise izandi ezo kunye.
   c. Cela abafundi babize amagama aqala nge okanye esisebenzisa esi sandi sihlanganisiweyo.
2. **Bonisa abafundi indlela yokucazulula nokuhlanganisa baze bahlanganise amagama abandakanya isandi.**
   a. Biza igama: iyatswina
   b. Cela umfundi ngamnye aphulaphule ngononophelo aze acazulule igama elo libe zizandi: i-y-a-ts-w-i-n-a
   c. Njengoko umfundi ebiza isandi ngasinye, libhale ebhodini.
   d. Okulandelayo, biza umfundi owahlukileyo ahlanganise izandi kunye ukufunda igama elo.
   e. Lungisa abafundi ukuba benza iimpazamo.
   f. Phinda ngegama: itswele
3. **Qhelanisa abafundi nemisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yangoLwesine.**
   a. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 91.
   b. Biza abafundi ngabanye bakuncedise wenze umzekelo womsebenzi ngamnye.
   c. Bonisa indlela yokugqibezela nawuphi na umsebenzi obhaliweyo ebhodini.

Qaphela: Xelela abafundi ukuba baza kwenza le misebenzi namaqabane abo ngexesha lokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.

Ukubhala ngesandla: Khuphela amagama

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
Itshati yokubhala ngesandla

1. **Lungiselela abafundi ukubhala ngesandla.**
   a. Yithi: Masifudumeze iminwe yethu ngokungcangcazelisa izandla zethu.
   b. Jonga uze ulungise indlela yokuhlala yabafundi kunye nendlela yokubamba ipensile.
2. **Yenza umzekelo wokubhala:** *isithsaba, ngesithsaba*
   a. Bonisa abafundi indlela yokubhalwa kwamagama ebhodini.
   b. Njengoko ubhala, cacisa indawo oqala kuyo, icala oya ngakulo kunye nesiphelo sonobumba ngamnye.
3. **Yalela abafundi bakhuphele amagama kwiincwadi zabo zokubhala.**
   a. Hambahamba ujonga umfundi ngamnye: ukwakhiwa konobumba nokushiywa kwesikhewu.

UkuFunda noTitshala: Yenza uFundo lwesiBini

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
INgqokelela yamaBali, iphepha 159

1. **Lungiselela abafundi uFundo lwesiBini.**
   a. Hlalisa abafundi emethini.
   b. Bakhumbuze ngendlela yokuziphatha elindelekileyo.
   c. Khumbuza abafundi ngesihloko sebali: *UBuhle usebenzisa izikrini*
   d. Khumbuza abafundi indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda.
      - Yithi, kule veki sifunda indlela yoku: Qwalasela ukuqonda.
      - Yithi, khumbula sithethile ngale nto izolo, xa ndikubuza: Wakhe waziva ngathi ulahlekile xa ufunda ibali kuba ulahlekwe ngumkhondo wento eqhubekayo? Kwakwenza waziva njani oku?
2. **Yenza uFundo lwesiBini ngolu hlobo:**
   a. Funda iphepha ngalinye lebali ngokuvakalayo, ngotyibiliko nangokucacileyo.
   b. Bonisa abafundi umfanekiso.
   c. Sebenzisa imizekelo ekwiphepha lentshayelelo ukwenza umzekelo wobuchule bengqiqo nokuqonda.
   d. Ekupheleni kwebali, buza imibuzo yoFundo 2 ngolu hlobo:
      - Bhekisa Umbuzo 1 no2 kubafundi ngabanye.
      - Bhekisa Umbuzo 3 no4 kwiklasi yonke. Cela abafundi baxoxe ngombuzo neqabane.
      - Biza abafundi abambalwa babelane ngeempendulo.

Ukubhala: Cwangisa uze uyile

IXESHA:
20 imizuzu

IZIXHOBO:
KwiNcwadi yemiSebenzi yeDBE iphepha: 88

Isakhelo sokubhala:

____ endim-thandayo

Ndiye elwandle no...

Elwandle, ndi...

Ndabona / fumana...

Ndaziva...

Ndaluthanda / andizange ndiluthande ulwandle kuba...

1. **Yazisa kwakhona umsebenzi wokubhala.**
   a. Yithi: Khumbula ukuba kule veki siza kuzoba ze sibhale ngesihloko: Yenza ngathi wawuye elwandle. Bhala ikhadi uxelele umhlobo wakho ngento owayibonayo elwandle.
2. **Yalela abafundi bacinge ngokubhala kwabo.**
   a. Yithi: Cimela uze ucinge ngendlela oza kuphendula ngayo isakhelo sokubhala.
   b. Yithi: Yabelana ngoluvo lwakho neqabane.
   c. Xoxa uze ubhale amagama aluncedo ebhodini, umz. intlanzi, unonkala, oonokrwece, idolfin.
3. **Yalela abafundi bavule iphepha elichanekileyo kwiincwadi zabo zeDBE zemisebenzi.**
   a. Yithi: Ngoku, zoba uze ubhale ezakho iimbono.
   b. Khumbuza abafundi ngeGML: Igama lokwenza (isenzi) livumelana nomenzi (umenzi).
4. **Hambahamba egumbini uncede abafundi ngabanye.**
   a. Cela abafundi bakuxelele ngeembono zabo.
   b. Nceda abafundi abasokolayo ukuqala umsebenzi wabo wokubhala.

UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala: Sebenza namaQela 7 no8

IXESHA:
30 imizuzu

IZIXHOBO:
INcwadi yokuFunda enguNdoqo

Iincwadi zokuFunda ngokwa-Manqanaba (ezingani-kezwanga yiNHLRP)

1. **Lungiselela abafundi ukuFunda ngokwamaQela aNcediswa nguTitshala.**
   a. Qinisekisa abafundi bayalazi iqela labo lokufunda.
   b. Hlalisa abafundi ngababini neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo, iincwadi zokubhala neepensile.
   c. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 91.
2. **Hlola imisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yosuku nabafundi.** Khumbuza abafundi amabakwenze ukugqibezela umsebenzi ngamnye.
3. **Bizela iQela 7 kwindawo yakho yokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.**
   a. Hlalisa iqela neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo.
   b. Biza abafundi ngabanye bafunde izandi.
   c. Biza abafundi ngabanye bagqibezele imisebenzi yokudikhowuda.
   d. Biza umfundi ngamnye afunde amagama okanye isicatshulwa seveki edlulilleyo.
   e. Qaphela abafundi abadinga inkxaso.
   f. Qaphela izandi ezidinga ukuhlanganiswa.
4. **Ukusebenzisa iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba**
   a. Nika iqela iincwadi zokufunda ezifumanekayo. (ezamaBanga / ezamaNqanaba)
   b. Phulaphula umfundi ngamnye efunda encwadini ngokuvakalayo.
   c. Ukuba kungqamene nomgaqonkqubo wesikolo, nika abafundi iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba bagoduke nazo.
5. **Buyisela iQela 7 edesikeni yalo uze ubize iQela 8.**

Ekupheleni kosuku: Funda ngokuVakalayo

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
Izixhobo ezizezi-kaTitshala

- Sebenzisa izixhobo zakho: IiNcwadi eziNkulu, iNgqokelela yamaBali, neeNcwadi zamabali zonke zifanelekile.
- Sebenzisa eli xesha ukubonisa ukufunda ngotyibiliko nangemvakalelo.
- Lo msebenzi unceda abafundi bakhulise uthando lwamabali nokufunda.
- Yakha kwanesigama sabo, ulwazi lwangaphambili nenkumbulo yokusebenza. Zonke ezi zizakhono ezibalulekileyo zengqiqo nokuqonda.

Ukuphulaphula nokuthetha: Xoxa ngebali eliFundwa noTitshala

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
Isicwangciso sengxoxo:

Eli bali belinge...

Ndilithandile xa...

Ndifunde ukuba...

1. **Lungiselela abafundi ingxoxo yamaqela.**
   a. Cwangcisa abafundi ngokwamaqela amalungu ama4.
   b. Nika iqela ngalinye ‘uswazi okanye ilityе lokuthetha’.
   c. Yithi: Ungathetha kuphela xa uphethe ‘uswazi / ilityе lokuthetha’.
2. **Funda imibuzo yengxoxo.**
   a. Khumbuza abafundi ibali elifundwa notitshala laloo veki.
   b. Bhala isicwangciso sengxoxo ebhodini.
   c. Funda uze ucacise umbuzo ngamnye (isiqali sivakalisi).
   d. Xelela abafundi ukuba ilungu ngalinye leqela malibe nethuba lokuphendula umbuzo.
   e. Khuthaza abafundi bacinge ngeempendulo ezahlukileyo.
3. **Yalela abafundi baqale ingxoxo.**
   a. Yalela abafundi abaphethe ‘uswazi / ilityе lokuthetha’ ukuba mabaqale.
   b. Hambahamba unika inkxaso apho ifunekayo.
   c. Kwimizuzu embalwa yokugqibela, biza iqela lizokwabelana ngeempendulo zalo.
4. **Ukulungisa abafundi**
   a. Chonga 3–4 yabafundi abaza kwenza iNtetho yeOrali ngoMvulo.
   b. Xelela aba bafundi amabakulungiselele uMvulo. (Jonga isicwangciso sesifundo soPT sangoMvulo)

Izandi: Ubizelo

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
INcwadi yokuFunda enguNdoqo

1. **Zinzisa abafundi neencwadi zabo zokubhala, iipensile neerula.**
   a. Xelela abafundi babhale isihloko, Ubizelo' baze babhale amanani u1–5 kumda wephepha.
   b. Biza la magama mahlanu alandelayo ukuze abafundi bawabhale ecaleni kwamanani u1–5: itswele, isithsaba, watyhwatyhwa, ityholo, etyhafile
   c. Emva koko, xelela abafundi babhale phantsi isivakalisi osibizayo, besebenzisa iimpawu zobhalo ezichanelekileyo.
   d. Biza esi sivakalisi silandelayo. Siphinde ngokucothayo, kabini ukuba kuyimfuneko: Ikati iyatswina xa ibona utsotsi.
2. **Xelela abafundi basebenzise iipensile eziyimibala ukukorekisha umsebenzi wabo.**
   a. Bhala la magama mahlanu nesivakalisi ebhodini.
   b. Njengoko ubhala, biza igama ngalinye.
   c. Kwisivakalisi, yalatha iimpawu zobhalo ezisetyenzisiweyo.
   d. Xelela abafundi barhangqe iimpazamo zabo ngepensile enombala.
   e. Xelela abafundi babhale kwakhona iimpazamo zabo ngokuchanekileyo.
3. **Qaphela imingeni kunye nenkqubela phambili yabafundi.**
4. **Qhelanisa abafundi nemisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yangoLwesihlanu.**
   a. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 92.
   b. Funda itekisi ngokuvakalayo. Xelela abafundi balandele kwiincwadi zabo njengoko ufunda.
   c. Funda itekisi kwakhona, ngeli lixa, abafundi mabangenelele bafunde nawe.
   d. Yenza umzekelo wokugqibezela umsebenzi wengqiqo nokuqonda ebhodini.
   e. Yenza umzekelo wokugqibezela umsebenzi weMofoloji ebhodini.

Qaphela: Xelela abafundi ukuba baza kwenza le misebenzi namaqabane abo ngexesha lokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.

UkuFunda noTitshala: Yenza uFundo lwaMva

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
INgqokelela yamaBali, iphepha 159

1. **Lungiselela abafundi uFundo lwaMva.**
   a. Khumbuza abafundi ngesihloko sebali: *UBuhle usebenzisa izikrini*
   b. Cacisa umsebenzi. Yithi: Namhlanje siza kulinganisa ibali lethu singamaqela.
2. **Yenza umzekelo walo msebenzi njengoku kulandelayo:**
   a. Yithi: Xa silinganisa ibali, kufuneka sizame ukuba:
      - Sikhumbule okwenziwa nokuthethwa ngumlinganiswa wethu
      - Sithethe kwaye silinganise njengomlinganiswa wethu
      - Sisebenzise amanye amagama afana nathethwe ngumlinganiswa wethu
   b. Ngokufutshane bonisa abafundi indlela onokulinganisa ngayo omnye wabalinganiswa.
   c. Zama ukungakhethi umlinganiswa oyintloko kumzekelo wakho.
3. **Yalela abafundi bagqibezele umsebenzi.**
   a. Bala ukuba bangaphi abalinganiswa ebalini.
   b. Yahlula abafundi babe ngamaqela alingana nelo nani. Umzekelo, ukuba abalinganiswa ba5 ebalini, yohlula iklasi ibe ngamaqela ama5.
   c. Nika umfundi ngamnye umlinganiswa.
   d. Hamba neklasi niye phandle okanye kwindawo ethe gabalala.
   e. Xelela amaqela ukuba alinganise ibali. Kufuneka:
      - Bakhumbule okuthethwa nokwenziwa ngumlinganiswa wabo
      - Bathethe baze benze ngokomlinganiswa wabo
      - Basebenzise amanye kumagama asetyenziswe ngumlinganiswa wabo
   f. Njengokuba abafundi belinganisa ibali, jikeleza phakathi kwabo unike inkxaso apho ifuneka khona.
4. **Vumela abafundi babelane ngomsebenzi wabo.**
   a. Nika abafundi imizuzu embalwa yokubonisa umsebenzi wabo kwiqabane.
   b. Biza umfundi abelane ngomsebenzi wakhe neklasi.

Ukubhala: Yila uze uhlele

IXESHA:
20 imizuzu

IZIXHOBO:
KwiNcwadi yemiSebenzi yeDBE iphepha: 88

Isakhelo sokubhala:

____ endim-thandayo

Ndiye elwandle no...

Elwandle, ndi...

Ndabona / fumana...

Ndaziva...

Ndaluthanda / andizange ndiluthande ulwandle kuba...

1. **Khumbuza abafundi ngomsebenzi wokubhala.**
   a. Yithi: Namhlanje siza kugqibezela umsebenzi wethu wokubhala.
2. **Yazisa ukwahlula umsebenzi.**
   a. Hambahamba eklasini uze uncede abafundi abasokolayo.
   b. Nika abafundi abaphambili ngolwazi umyalelo owongezelelweyo: Yongeza isichazi kwisivakalisi ngasinye sakho.
3. **Yalela abafundi bafunde baze bahlele umbhalo wabo.**
   a. Yithi: Ngoku lixesha lokuba nifunde ze nihlele imibhalo yenu.
   b. Yithi, khumbula ukukhangela ukuba: Igama lokwenza (isenzi) livumelana nomenzi (umenzi).
4. **Ukuba ixesha liyavuma, cela abafundi babelane ngemibhalo yabo.**
   a. Abafundi bangabelana ngemibhalo yabo neqabane.
   b. Abafundi abambalwa bangabelana nemibhalo yabo neklasi.

UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala: Sebenza namaQela 9 no10

IXESHA:
30 imizuzu

IZIXHOBO:
INcwadi yokuFunda enguNdoqo

Iincwadi zokuFunda ngokwa-Manqanaba (ezingani-kezwanga yiNHLRP)

1. **Lungiselela abafundi ukuFunda ngokwamaQela aNcediswa nguTitshala.**
   a. Qinisekisa abafundi bayalazi iqela labo lokufunda.
   b. Hlalisa abafundi ngababini neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo, iincwadi zokubhala neepensile.
   c. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 92.
2. **Hlola imisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yosuku nabafundi.** Khumbuza abafundi amabakwenze ukugqibezela umsebenzi ngamnye.
3. **Bizela iQela 9 kwindawo yakho yokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.**
   a. Hlalisa iqela neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo.
   b. Biza abafundi ngabanye bafunde izandi.
   c. Biza abafundi ngabanye bagqibezele imisebenzi yokudikhowuda.
   d. Biza umfundi ngamnye afunde amagama okanye isicatshulwa seveki edlulilleyo.
   e. Qaphela abafundi abadinga inkxaso.
   f. Qaphela izandi ezidinga ukuhlanganiswa.
4. **Ukusebenzisa iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba**
   a. Nika iqela iincwadi zokufunda ezifumanekayo. (ezamaBanga / ezamaNqanaba)
   b. Phulaphula umfundi ngamnye efunda encwadini ngokuvakalayo.
   c. Ukuba kungqamene nomgaqonkqubo wesikolo, nika abafundi iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba bagoduke nazo.
5. **Buyisela iQela 9 edesikeni yalo uze ubize iQela 10.**

Ekupheleni kosuku: Funda ngokuVakalayo

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
Izixhobo ezizezi-kaTitshala

- Sebenzisa izixhobo zakho: IiNcwadi eziNkulu, iNgqokelela yamaBali, neeNcwadi zamabali zonke zifanelekile.
- Sebenzisa eli xesha ukubonisa ukufunda ngotyibiliko nangemvakalelo.
- Lo msebenzi unceda abafundi bakhulise uthando lwamabali nokufunda.
- Yakha kwanesigama sabo, ulwazi lwangaphambili nenkumbulo yokusebenza. Zonke ezi zizakhono ezibalulekileyo zengqiqo nokuqonda.

Ukuphulaphula nokuthetha: Yazisa umxholo

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
Imifanekiso nezixhobo zokwenyani zomboniso womxholo

INcwadi yokuFunda enguNdoqo

1. **Lungisa umboniso womxholo:** *Silandela imiyalelo*
2. **Buza umbuzo ovulekileyo ukuqalisa ulwazi lwemvelaphi lwabafundi.**
   - *Kutheni kubalulekile ukuphulaphula ngononophelo kwimiyalelo?*
   - *Yintoni ekunceda ukhumbule amanyathelo xa kukho imiyalelo emininzi?*
   - *Kungenzeka ntoni ukuba asiyilandeli imiyalelo?*
3. **Yenza imephu yengqondo usebenzisa imibuzo neempendulo zabafundi.**
4. **Yongeza ezakho iimpendulo kwimephu yengqondo ukwandisa ulwazi lwabafundi.**
5. **Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 94.**
6. **Xelela abafundi bakhombe kwindawo yokutyebisa ulwimi lomxholo.**
   a. Funda ngokutyetyiswa kolwimi ngokuvakalayo.
   b. Yalela abafundi bafunde kunye nawe, okanye bayiphinde emva kwakho: Umzingisi akanashwa.
7. **Xoxa nabafundi ngokutyetyiswa kolwimi.**
   a. Buza: Ungandixelela ukuba kuthetha ukuthini oku? / Uyakwazi ukufumana impendulo?
   b. Khuthaza abafundi babelane ngezimvo.
   c. Cacisa intsingiselo okanye unike impendulo njengoku kulandelayo: Eli qhalo lithetha ukuba umntu ozama anganikezeli, aphindaphinde ukwenza into enye kuba efuna ukuphumelela, ude ayizuze impumelelo.

Izandi: Fundisa isandi esitsha, emva koko ucazulule uze uhlanganise

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
Ikhadi lesandi: tsh

INcwadi yokuFunda enguNdoqo

1. **Yazisa isandi esitsha:** *tsh*
   a. Biza isandi x3.
   b. Bonisa abafundi iKhadi lesandi uze ufunde isandi x3.
   c. Xelela abafundi baphulaphule baze baphinde isandi.
   d. Cela abafundi babize amagama aqala nge okanye asebenzisa eso sandi.
2. **Bonisa abafundi indlela yokucazulula nokuhlanganisa isandi.**
   a. Biza igama: utshone
   b. Cela umfundi ngamnye aphulaphule ngononophelo aze acazulule igama elo libe zizandi: u-tsh-o-n-e
   c. Njengoko umfundi ebiza isandi ngasinye, libhale ebhodini.
   d. Okulandelayo, biza umfundi owahlukileyo ahlanganise izandi kunye ukufunda igama elo.
   e. Lungisa abafundi ukuba benza iimpazamo.
   f. Phinda ngegama: tshisa
3. **Qhelanisa abafundi nemisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yangoMvulo.**
   a. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 96.
   b. Biza abafundi ngabanye bakuncedise wenze umzekelo womsebenzi ngamnye.
   c. Bonisa indlela yokugqibezela nawuphi na umsebenzi obhaliweyo ebhodini.

Qaphela: Xelela abafundi ukuba baza kwenza le misebenzi namaqabane abo ngexesha lokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.

Ukubhala ngesandla: Fundisa ukwakhiwa konobumba

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
Itshati yokubhala ngesandla

1. **Lungiselela abafundi ukubhala ngesandla.**
   a. Yithi: Masifudumeze iminwe ngokushwabanisa iphepha sibuye silolule.
   b. Jonga uze ulungise indlela yokuhlala yabafundi kunye nendlela yokubamba ipensile.
2. **Bonisa abafundi indlela yokubumba:** *tsh.*
   a. Bonisa abafundi ukubhala lo nobumba ebhodini.
   b. Njengoko ubhala, cacisa indawo oqala kuyo, icala oya ngakulo kunye nesiphelo sonobumba ngamnye.
   c. Okulandelayo, bhala umqolwana woonobumba, ubonisa indlela yokushiya isithuba esingangomnwe phakathi koonobumba.
   d. Phinda le nkqubo ubonisa indlela yokubhala: *Tsh.*
3. **Yalela abafundi babhale kwiincwadi zabo zokubhala.**
   a. Yalela abafundi babhale: umqolo wonobumba omncinci *tsh*
   b. Yalela abafundi babhale: umqolo wonobumba omkhulu *Tsh*
   c. Hambahamba ujonga umfundi ngamnye: ukwakhiwa konobumba nokushiywa kwesikhewu.

UkuFunda noTitshala: Yazisa ibali

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
INgqokelela yamaBali, iphepha 173

1. **Yazisa ibali.**
   a. Yithi: Kule veki siza kufunda ibali elisihloko sithi, *Ukhuselekile Bongiwe!*.
   b. Yithi: *Eli bali lingentombazana egama linguBongiwe omama wakhe umxelela ukuba makahlale ekhuselekile kwaye aziphephe iindawo ezithile. Ekuhambeni kwexesha ummelwane ucela uBongiwe ukuba aye evenkileni esecaleni kweshibhini. UBongiwe uya evenkileni, kodwa akayilandeli imithetho kamama wakhe. Endleleni, uziva esoyika aze aqale ukuqonda ukuba kutheni umama wakhe wenza loo mithetho yokhuseleko. Eli bali sisinceda siqonde ukuba kutheni imithetho ibalulekile.*
   c. Buza: Ikhona into oyaziyo malunga noku?
   d. Bonisa ngokufutshane abafundi imifanekiso esebalini.
2. **Yakha ulwazi lwemvelaphi lwabafundi.**
   a. Yabelana uze ucacise iinkcukacha ezinikiweyo ngemvelaphi ebalini.
   b. Bonisa abafundi apho ibali liqhubeka khona usebenzisa imephu yeNgqokelela yamaBali.
   c. Buza: Ingaba unemibuzo malunga neli bali?
3. **Cacisa indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda.**
   a. Yithi, kule veki siza kufunda indlela: Buza imibuzo / zibuze
   b. Cacisa le ndlela kubafundi.

UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala: Sebenza namaQela 1 no2

IXESHA:
30 imizuzu

IZIXHOBO:
INcwadi yokuFunda enguNdoqo

Iincwadi zokuFunda ngokwa-Manqanaba (ezingani-kezwanga yiNHLRP)

1. **Lungiselela abafundi ukuFunda ngokwamaQela aNcediswa nguTitshala.**
   a. Qinisekisa abafundi bayalazi iqela labo lokufunda.
   b. Hlalisa abafundi ngababini neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo, iincwadi zokubhala neepensile.
   c. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 96.
2. **Hlola imisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yosuku nabafundi.** Khumbuza abafundi amabakwenze ukugqibezela umsebenzi ngamnye.
3. **Bizela iQela 1 kwindawo yakho yokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.**
   a. Hlalisa iqela neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo.
   b. Biza abafundi ngabanye bafunde izandi.
   c. Biza abafundi ngabanye bagqibezele imisebenzi yokudikhowuda.
   d. Biza umfundi ngamnye afunde amagama okanye isicatshulwa seveki edlulilleyo.
   e. Qaphela abafundi abadinga inkxaso.
   f. Qaphela izandi ezidinga ukuhlanganiswa.
4. **Ukusebenzisa iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba**
   a. Nika iqela iincwadi zokufunda ezifumanekayo. (ezamaBanga / ezamaNqanaba)
   b. Phulaphula umfundi ngamnye efunda encwadini ngokuvakalayo.
   c. Ukuba kungqamene nomgaqonkqubo wesikolo, nika abafundi iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba bagoduke nazo.
5. **Buyisela iQela 1 edesikeni yalo uze ubize iQela 2.**

Ekupheleni kosuku: Funda ngokuVakalayo

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
Izixhobo ezizezi-kaTitshala

- Sebenzisa izixhobo zakho: IiNcwadi eziNkulu, iNgqokelela yamaBali, neeNcwadi zamabali zonke zifanelekile.
- Sebenzisa eli xesha ukubonisa ukufunda ngotyibiliko nangemvakalelo.
- Lo msebenzi unceda abafundi bakhulise uthando lwamabali nokufunda.
- Yakha kwanesigama sabo, ulwazi lwangaphambili nenkumbulo yokusebenza. Zonke ezi zizakhono ezibalulekileyo zengqiqo nokuqonda.

Ukuphulaphula nokuthetha: Fundisa isigama

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
Oonotsheluza besigama, imifanekiso, izixhobo

INcwadi yokuFunda enguNdoqo

1. **Khumbuza abafundi ngomxholo.**
   a. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 94.
   b. Funda okanye ubize indawo yokutyetyiswa kolwimi kwakhona.
   c. Bonisa abafundi uluhlu lwesigama somxholo.
   d. Cacisa ukuba la magama aza kusinceda siqonde kwaye sithethe ngomxholo.
   e. Bafundele uluhlu lwamagama.
2. **Sebenzisa iYLXY ukufundisa isigama.**
   a. Fundisa esi sigama silandelayo:
      - *ipaseji: Indledlana okanye indlela yeenyawo.*
      - *mxinwa: Engekho banzi, incinci macala.*
      - *ulumkisiwe: Waxelela umntu ngengozi ukuze aqaphele.*
      - *ingozi: Into enokukulimaza.*
3. **Sebenzisa indlela yobuchule iYLXY elungele igama ngalinye:**
   Y: Yalatha emfanekisweni okanye kwisixhobo sokwenyani
   L: Linganisa igama
   X: Xelela abafundi intsingiselo yegama
   Y: Yitsho igama kwisivakalisi

Izandi: Yazisa amaqabane amatsha ahlanganisiweyo

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:

INcwadi yokuFunda enguNdoqo

1. **Yazisa isandi esitsha esihlanganisiweyo:** *ntsh*
   a. Bhala iifonimi ngazinye ebhodini uze uzifunde nganye.
   b. Okulandelayo, cela umfundi ahlanganise izandi ezo kunye.
   c. Cela abafundi babize amagama aqala nge okanye esisebenzisa esi sandi sihlanganisiweyo.
2. **Bonisa abafundi indlela yokucazulula nokuhlanganisa baze bahlanganise amagama abandakanya isandi.**
   a. Biza igama: intshontsho
   b. Cela umfundi ngamnye aphulaphule ngononophelo aze acazulule igama elo libe zizandi: i-n-tsh-o-n-tsh-o
   c. Njengoko umfundi ebiza isandi ngasinye, libhale ebhodini.
   d. Okulandelayo, biza umfundi owahlukileyo ahlanganise izandi kunye ukufunda igama elo.
   e. Lungisa abafundi ukuba benza iimpazamo.
   f. Phinda ngegama: ngentsholo
3. **Qhelanisa abafundi nemisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yangoLwesibini.**
   a. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 97.
   b. Biza abafundi ngabanye bakuncedise wenze umzekelo womsebenzi ngamnye.
   c. Bonisa indlela yokugqibezela nawuphi na umsebenzi obhaliweyo ebhodini.

Qaphela: Xelela abafundi ukuba baza kwenza le misebenzi namaqabane abo ngexesha lokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.

Ukubhala ngesandla: Khuphela amagama

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
Itshati yokubhala ngesandla

1. **Lungiselela abafundi ukubhala ngesandla.**
   a. Yithi: Masifudumeze iminwe yethu ngokungcangcazelisa izandla zethu.
   b. Jonga uze ulungise indlela yokuhlala yabafundi kunye nendlela yokubamba ipensile.
2. **Yenza umzekelo wokubhala:** *tshatisa, wayitsho*
   a. Bonisa abafundi indlela yokubhalwa kwamagama ebhodini.
   b. Njengoko ubhala, cacisa indawo oqala kuyo, icala oya ngakulo kunye nesiphelo sonobumba ngamnye.
3. **Yalela abafundi bakhuphele amagama kwiincwadi zabo zokubhala.**
   a. Hambahamba ujonga umfundi ngamnye: ukwakhiwa konobumba nokushiywa kwesikhewu.

UkuFunda noTitshala: Yenza uFundo lwangaphambili

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
INgqokelela yamaBali, iphepha 175

1. **Hlalisela abafundi uFundo lwangaPhambili.**
   a. Biza abafundi bahlale emethini okanye phantsi.
   b. Hlala phambi kwabafundi neNgqokelela yamaBali.
   c. Qinisekisa ukuba bonke abafundi bayayibona incwadi.
   d. Khumbuza abafundi ngendlela yokuziphatha oyilindeleyo ngexesha lokuFunda noTitshala, umz. ukwakha isathanga; ukubeka izandla emathangeni, ukuphulaphula ngononophelo, ukuphendula xa ebuzwa, ukuphakamisa isandla ukubuza umbuzo.
2. **Yenza uFundo lwangaPhambili ngoluhlobo:**
   a. Biza isihloko sebali: *Ukhuselekile Bongiwe!*.
   b. Cacisa isakhono soqikelelo. Yithi: Xa sisenza uqikelelo, sisebenzisa isihloko kunye nemifanekiso ukuzama ukufumana ukuba ibali lingantoni na.
   c. Bonisa abafundi imifanekiso kwiphepha ngalinye.
   d. Buza: Ucinga ukuba kwenzeka ntoni apha?
   e. Buza: Ucinga ukuba le mifanekiso inxulumana njani?

UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala: Sebenza namaQela 3 no4

IXESHA:
30 imizuzu

IZIXHOBO:
INcwadi yokuFunda enguNdoqo

Iincwadi zokuFunda ngokwa-Manqanaba (ezingani-kezwanga yiNHLRP)

1. **Lungiselela abafundi ukuFunda ngokwamaQela aNcediswa nguTitshala.**
   a. Qinisekisa abafundi bayalazi iqela labo lokufunda.
   b. Hlalisa abafundi ngababini neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo, iincwadi zokubhala neepensile.
   c. Yalela abafundi ukuba bavule iiNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo kwiphepha 97.
2. **Hlola imisebenzi yeNcwadi yokuFunda enguNdoqo yosuku nabafundi.** Khumbuza abafundi amabakwenze ukugqibezela umsebenzi ngamnye.
3. **Bizela iQela 3 kwindawo yakho yokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.**
   a. Hlalisa iqela neeNcwadi zokuFunda ezinguNdoqo zabo.
   b. Biza abafundi ngabanye bafunde izandi.
   c. Biza abafundi ngabanye bagqibezele imisebenzi yokudikhowuda.
   d. Biza umfundi ngamnye afunde amagama okanye isicatshulwa seveki edlulilleyo.
   e. Qaphela abafundi abadinga inkxaso.
   f. Qaphela izandi ezidinga ukuhlanganiswa.
4. **Ukusebenzisa iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba**
   a. Nika iqela iincwadi zokufunda ezifumanekayo. (ezamaBanga / ezamaNqanaba)
   b. Phulaphula umfundi ngamnye efunda encwadini ngokuvakalayo.
   c. Ukuba kungqamene nomgaqonkqubo wesikolo, nika abafundi iiNcwadi zokuFunda ngokwamaNqanaba bagoduke nazo.
5. **Buyisela iQela 3 edesikeni yalo uze ubize iQela 4.**

Ekupheleni kosuku: Funda ngokuVakalayo

IXESHA:
15 imizuzu

IZIXHOBO:
Izixhobo ezizezi-kaTitshala

